# Isizathu Esintlantlu-ntandathu

# Sotyelelo lukaGabhriyeli kuDaniyeli

Kodwa ndimangaliswe kakhulu kwi . . . kwabethu abancinci abasafikisayo ngale ntsasa, abancinci, niyayazi, abancinci, "fefe" no "fifi," abancinci, aba, niyayazi, abakwishumi elinesithandathu. Kwaye bayeza ebandleni, niyayazi, malunga . . . Amantombi amancinci, malunga nobabudala, bafuna ukukhangeleka bahle, niyayazi. Bona, niyayazi, iinwele zijijekile konke, phezu kwentloko zabo; Ndibaqaphele bona, njengoko bendishumayela, ziqhubeka nje zisoluleka ukwehla, zisoluleka ukwehla. Kwaye, emva kwethuba, bebezivuthela ukuzisusa ebusweni babo, ubujikojiko bonke bolulekile.

2 Intombi kaDade Downing encinci, kwaye—kwaye ndayiqaphela. Kwaye encinci—encinci—encinci . . . encinci ekaMzalwana uCollins . . . Ngubani igama layo? Encinci . . . [Umzalwana uthi, "Betty."—Mhl.] Betty, uBetty omncinci. Ndiye ndabuyihleka kancinci, kum. Kodwa ndibubonile bonke ubuhle, niyayazi, konke kulungisiwe, kwaye ngoko ngqo ibe i . . .

3 Kuhle, mazisikelelwe iintliziyo zenu, sthandwa, nibahle, kum, nakanjani. Injalo lonto. *Ubuhle*, ngu, ngumoya omhle oyakuthi uze kwaye uhlale emihlanganweni njengela hlobo, kwaye umamele kwiVangeli. Oko koko okwenza intombi ibentle. Kwaye ndicinga nayiphi inkwenkwe yenene, efaneleke itshatwe, icinga into ekwanye. [UMzalwana uNeville uthi, "Amen."—Mhl.] Enkosi, mhlekazi. Kulungile oko. Umntu othile uvumelene nam. okokuba, oko kulungile. Kulungile. Ndiyakholwa ukuba oko yiNyaniso.

4 Ngoku akumangalisi oko? Ndityhile ngqo kuDaniyeli 9 xana bendivule iBhayibhile yam. Ngoku, ndisoloko ndixelela wonke ubani, sanukukhulula idyasi zenu, abanemigqobho kwiihempe zabo, ke ndiyathemba eyam ayinawo. Kodwa—kodwa ndilibonile ixesha xana bendingenakho ukuyikhulula, inomgqobho ehempeni, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo. Kwaye ndiyaqikelela lena ayinawo.

5 Ngoku, owu, okukokwam, si . . . kwaye ndiyakholwa isihlwele, sikuxabisile ukuBakhona kukaMoya oyiNgcwele ngale ntsasa.

kwaye sibuxabisile ubudlelwana kunye nobukho bomnye nomnye. "Okunjani ukubakuhle, okunjani ukulunga, okunjani ukuba kuhle, bokuba abazalwana bahlale kunye kumanyano. Kunje nge-oli yentambiso elungileyo ethi ihlele ezindevini zika Aroni, konke ukuya kumqukumbelo wengubo yakhe."

6 Ndiye ndaya ngaphaya ukuya kutya namhlanje, ngaphaya eBlue Boar, kwaye ngubani endithe ndamfumana ngaphaya ngaphandle koMzalwana uBill apha, kunye noDade uDauch behleli phaya, nje—nje ukutya ethile yengcono ukukhangeleka, inkukhu egcadiweyo endakhe ndayibona, nokuba nexesha elimandi nje, ukubila kanye kuyo, niyayazi. Ndaya kumgangatho ongentla ndaza ndadibana nengxenye yebandla phezulu phaya, kwaye babefuna nokuhlawulela idinala yam. Ngoku, oko bekukuhle kakhulu, ndiyakuncoma okuya.

7 Xana ndafika ekhaya, naku kusiza uBilly kunye nebhokisi yeetumato athe umntu othile wandizisela, yonke indlela ukusuka kweliya lihle, lipholileyo iphondo iGeorgia ezantsi phaya, apho kupholileyo ezantsi phaya, bayandixelela, malunga neli xesha.

8 Ngoko, ndahlangana nomfo omncinci ngaphandle. Ndandiphuma kumadliwano ndlebe, ngale mva kwemini, kwaye ndisehlela ngasebandleni malunga neyure enesiqingatha edlulileyo, kwaye omncinci . . . ongathi mtsha umfo, ngaphandle, wathi . . . Ndathi, "Kushushu."

Wathi, "Ngenene kunjalo!" Ndandimazi ungosuka eGeorgia, ke wathi, "Ngokuqinisekileyo kushushu ezantsi eGeorgia!"

9 Ke, sizama ukubaleka indawo eshushu ngakumbi, asinjalo? Oko koko esilapha ngenxa yako.

10 Enkosi kakhulu, zihlobo, ngabo bonke ububele benu. Bendiyakwenza ntoni ngaphandle kwenu? Nje yintoni—yintoni ebendiyakuyenza ngaphandle kwenu? Ukuba bendingenamntu ondithandayo, kungekho mntu obeya kuphulaphula kuMyalezo, wonke uMyalezo wam ubuyakuba yinto engeloncedo konke. AndinakuWushumayela kwiipali zemfonomfono nemithi. Bezingayi kuwuqonda. Ke kufanele kube sebantwini abafana nani nonke, abaya kuza baze bawuphulaphule. Kwaye xana nisiza nize nihlale kwindawo eshushu efana nale, kwaye yona i . . . Umfazi wam uthe uphantse watsha emva phaya, ngale ntsasa. Kwaye ukubona abantu, kwaye ngamanye amaxesha abantu abagulayo, abahleli kuyo imihlangano efana naleyo, uThixo aninike elihle i—ikhaya eLuzukweni, ngumthandazo wam. Kwaye ndiyathemba nje kwaye ndithembele ekubeni Yena uyakukwenza okuya.

11 Ngoku, masibone. Idyasi yam, umntu othile uyithabathele ngapha. Kwaye ndifanele ndenze ukufunda okuncinci ngobu busuku. Bangaphi abazonwabeleyo iindawo zokuqala zoku? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, ukuba nje bekungekho shushu kakhulu, besiyakuqhubekeka nje, siqhubeke kuyo iveki, kunye ne—neNcwadi yeSityhilelo. Ndiyayithanda nje Yona. Ndiphila nje kuYo. Kwaye thandazani, ngohlobo, ngam, ngale veki, ngokuba kwiCawa elandelayo ndi . . . INkosi ithandile, ndifanele ndihlangane nokuya, ndibeka ezo veki kunye. Kwaye

leyo yinto ethile endingazinto malunga nayo. Kwaye ke ndizakuthemba nje iNkosi okokuba Iyakundiphendulela.

12 Kwaye ndi—ndifunde amadoda aliqela ahlukeneyo athe—athe athetha ngayo, awabhalayo ngayo. Ndifundile imibhalo engezantsi apha, kaNgqr. Scofield, isifundiswa esikhulu, kodwa ngokuqinisekileyo andibanganakho ukuvumelana naye, kwizinto ezininzi zemibhalo yakhe engezantsi, kuba andinakho ukuyibona. Apha . . . Ifanele i—ifanele yenze umfanekiso kakuhle.

13 Ngoku, ukuba ububeka njengomfanekiso osikwe waziziqwentshane i-puzzle, kwaye into yokuqala oyaziyo, uthi, "Owu, oku kungena phezulu *apha*. Hayi, ndiqinisekile oku kungena phezulu *apha*." Kulungile, ufanele ujonge ngapha kungqamaniso lakho, ukuze ubone into oyenzayo. Kwaye ngoko ukuba u—ukuba akuyenzi, uyakwenza umbonakaliso wakho uphixane.

14 Ngoku kungathini ukuba ubuthabathe . . . ubunomfanekiso welikhulu, elihle iphandle, kwaye inkomo isitya ingca kumphezulu womthi? Ngoku, oko bekungayikuba kokulungileyo (bengayi kuba njalo?) kuba ayityi ngca kumphezulu womthi. Ke, leyo yindlela eyiyo ukuba, wena, uMoya oyiNgcwele awubeki esiya Sibhalo kunye. Ngoko, ufumana wonke, omkhulu umfanekiso wentlangulo. Oko koko sikufunayo, iNyaniso. Kwaye de siyazi iNyaniso, siyakuyiyeka. Kwaye ngoko, xana uThixo esinika iNyaniso, kulungile, ngoko ndiyakuthetha ngayo.

15 Niyayazi intoni? Ndiyaqikelela uMzalwana uRoy Slaughter kunye—kunye nabathile oomadala apha, abaqalayo emva ngaphaya kwixesha eladlulayo . . . Kwakukho malunga, ndiyaqikelela, eyokuqala emithathu okanye emine iminyaka yolungiselelo, kanye apha emnqubeni, Bendingayi kwa ukushumayela kumxholo wesihogo, ngokuba be—bendingenakho ukuyazi nokuba ibe iyindawo evuthayo, nokuba ibilingcwaba. Kwaye ngalo lonke ixesha iLizwi lithetha, *ingcwaba*, bendiyakufumana inguqulelo, ithi, "*iHadesi*." *iHadesi* li "ngcwaba." Lonke ixesha Ithetha ngesihogo, "*iHadesi*, ingcwaba." Kwaye ndiye ndayiyeka de ndafumanisa into ebendithetha ngayo, emva koko ndashumayela ngesihogo, ke xana ndafumanisa ngenene umfanekiso opheleleyo ndaza ndabona apho ibikhoyo. Ngokuba, ndivakalelwa ukuba umlungiseleli unoxanduva kuThixo, oko akuxelela ela bandla, ngokuba bazakubambelela kanye kokuya. Kwaye ke, ngoko, kungathini ukuba ndingabenza babambelele kwindawo engalunganga, kuze emva koko ixesha lifike apho okwa kubambelela kungasayi kuma? Yabona?

Kwaye kulambono iNkosi eyandinikayo, ngexesha elithile eladlulayo, xana ezo zigidi . . . xana Lowa ethetha kum, wathi, "Uyakugwetywa, kuqala, ngeVangeli oyishumayeleyo."

16 Ndathi, "Ndishumayele into ekwanye uPawulosi ayenzileyo, kunye nabo bonke."

17 Kwaye zonke ezo zigidi zamazwi zadanduluka, "Siphumle koko." Yabanjalo. Yabona? Injalo.

18 Ke ndifuna ukuqhubeka ngobu busuku, ngoku, ke asisayi kuba bade. Kwaye sanukulibala ngoku . . . Ngoku, ngale ntsasa . . . Ndifumene imibhalo emincinci apha. Ngale ntsasa ndithethe ngoDaniyeli ekuthinjweni, uGabhriyeli esiza kuye kwaye wamyalela ngexesha elizayo. Oko koko besinako ngale ntsasa, umyalelo wexesha elizayo.

19 Ngoku, ngobu busuku, sithetha kwi*Sizathu Esintlantluntandathu Sotyelelo LukaGabhriyeli KuDaniyeli*. KwiCawa elandelayo, iNkosi ithandile, ukubeka iiveki ezingamashumi asixhenxe, apho zifanele ukubakhona, kwisimo sexesha. Kwaye kuphi apho simi khona? Ngoku, ukuba singafumana nje okuya size sikuqinisekise, ngokuchanekileyo, ngoko siyakuyazi nje iyure esiphila kuyo. Ngoku, asiyi kuyazi Yena uza nini; akukho namnye oyakukwazi oko. UYesu akayazi, Ngokwakhe. Wathi Akayazi. Wathi kuphela nguBawo, kuphela, okwaziyo okuya. Nkqu neeNgelosi aziyazi. Namnye kuthi waziyo xana Esiza, kodwa singachaza i—iyure eyakuthi . . . ixesha esiphila kulo, siyazi nje kukufutshana kangakanani esinokuba sikuko.

20 Ngoku, okwenzela okuncinci ukoleka, ngokuba amakhwenkwe athabatha iiteyiphu zale . . . Oomatshini bayasebenza emva egumbini. Kwaye iiteyiphu, kakade, ziyathunyelwa, yonke indawo.

21 Ngoku, isifundo sale ntsasa, emveni kokuba sihlalutye ukubuyela emva kwisahluko sesi-4 nesisi-5, ngoko sixinge i . . . ukuqala ngesahluko se-9 sika Daniyeli. Kwaye ngoku, ngobu busuku, siyaqhubekeka ngesahluko se-9. Phambi kokuya kuso, masiqubude iintloko zethu okwethutyana kwaye sithethe noMbhali weLizwi.

22 Thixo wethu onobabalo, siqinisekile ukuba Wena wazi nezicamango zentliziyo yethu. Wazi isizathu sokuba sibe lapha. Kwaye Wena uyayazi ukuba asikhange seza ngobu busuku ngokuba nje sicinge iyakuba yindawo emnandi yokuza, ukuthabatha ukuphumla okuncinci kwemvakwemini. Bawo, andikholelwa kukho namnye umntu apha ongesosizathu. Ndiyakholwa ukuba silapha ngobu busuku ngokuba sinyaniseke ukufa, sithembeke, kwaye sifuna ukwazi u-ITSHO INKOSI.

23 Siyakuthanda Wena, Nkosi, kwaye siyalithanda iLizwi Lakho. Kwaye ukuba lendawo othe Wena wasibonelela ngayo, nje uphahla phezu kwentloko yethu, kunye nezizitena, sinombulelo kuWe ngendawo. Kuba, siyakholwa ukuba kukho iKhaya ngaphaya kwesibhakabhaka, apho siya ngalandlela. Kwaye sicinga ngoobawo bethu bangaphambili abangazange

babanalo kwaneli cham, kwaye isenza siqubude iintliziyo zethu ngentloni, Nkosi, zokuba nkqu sikhalaze.

24 Ngoku, Bawo, siyathandaza ukuba Uyakusivulela, ngobu busuku, iSibhalo. Yiza, hamba, ecaleni lakhe ngamnye wethu, njengoko sisehlela ngale ndlela ngobu busuku. Thetha nathi njengoko Wenzayo kwabo babesiya e-Emawusi, besuka eYerusalem. Okokuba, xana inkonzo igqithile, ngobu busuku, singaya kumakhaya ethu ahlukeneyo size sithi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi njengoko besimva Yena ethetha ngeLizwi Lakhe!"

25 Sikelela ukufundwa. Sikelela imizamo yam etyhafileyo, Nkosi. Vula umlomo wam kokuyinyaniso, uze uwuvale koko kungalunganga. Kwaye fumana uzuko kuWe, nozuko ebantwini Bakho, ukuze babenokubona iyure esiphila kuyo kunye nokusondela koKuza kweNkosi uYesu. Kuba, sikucela kweLakhe—kweLakhe iGama, iGama likaYesu Kristu. Amen.

26 Ngoku, ukubuyela emva kwiZibhalo zethu okwethutyana, sifumanisa ukuba uDaniyeli ebesekuthinjweni amashumi amathandathu anesibhozo eminyaka ubude. Yicinge lonto! Ngoku, wena, nephepha nepensile yakho, ongakhange uyifumane ngale ntsasa, ungayichola ngobu busuku. Ukusuka ku A.D. 606 ukuya ku 538. Thabatha u538 ukusuka ku 606, ufumana amashumi amathandathu anesibhozo eminyaka uDaniyeli ebeseku . . . ekuthinjweni; kungekho bandla lokuya, kungekho zintshumayelo zokumamela, kwanto. Kodwa wayeneencwadi ezithile, iincwadi ezisongwayo ezithile, awayethe umprofeti ongaphambi kwakhe waziprofeta, kwaye yayingu—yayingu Yeremiya.

27 Ngoku, ngelixesha esekufundisiseni iZibhalo, wabona ixesha laliphela, okokuba ixesha lamashumi asixhenxe . . . Kwaye uDaniyeli wakholelwa ngenene lonke ilizwi awathi uYeremiya umprofeti walithetha. Kwaye nditsho koku, kwibanga lam ngobu busuku: Ingaba sifanele sikholelwe abaprofeti bethu? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ewe, mhlekazi. Kuba, iLizwi leNkosi leza kubaprofeti. Bano ITSHO INKOSI. Kwaye umprofeti wenyaniso akasokuze anxaxhe kwi—kwilizwi lomnye umprofeti. Abasokuze balenze Lona litsho into ethile Lona elingayithethiyo. Bayakutsho ngqo oko umprofeti wenyaniso akutshiloyo, oko kubenza umprofeti. Ngoko xana befumana okuya, baze ngoko bachaze kwantlandlolo oko kuyakuza, besazi oku, ngoloyiko entliziyweni yabo, hleze batsho into ethile engalunganga kwaye ibenokukhokelela umntu othile ekuphambukeni. Asizange sifune ukwenza oko. Sifuna ukuqiniseka ngokuqinisekileyo ekubeni sifumene iLizwi leNkosi ngaphambi kokuba sithi ITSHO INKOSI. Yabona? Kufuneka iqiniseke, umyalezo ongqalileyo usuka kwiTrone kaThixo, okanye akufanele siyitsho.

28 Ngoku, ngelixesha esekufundisiseni iZibhalo, wabona ukuba iminyaka engamashumi asixhenxe yayiphela. Ke, ekubeni yena ephaya iminyaka emashumi amathandathu anesibhozo, kushiyeke iminyaka emibini kwixesha elizayo ade uThixo abuyisele abantu Bakhe emva kwilizwe elilikhaya labo.

Ngelixa esemthandazweni, sifumanisa ukuba kwabakho iNgelosi enamandla eyeza isuka eZulwini. Ingaba nabani angabiza igama Layo? [IBandla lithi, "Gabhriyeli."—Mhl.] Gabhriyeli. Kwaye Yena yiNgelosi kwibandla lamaYuda. Bangaphi abakwaziyo oko? Naphina, nguGabhriyeli. UGabhriyeli sisithunywa kwibandla, ibandla lamaYuda; weza kuMariya; Yena weza kuZakhariya. Kwasoloko, inguGabhriyeli. Kwaye Yena ungomnye wezinkulu iNgelosi zeZulu. Kwaye Yena akaziselanga na uMzalwana wethu uDaniyeli ongako umbuliso usuka kuThixo! "Owu, Daniyeli, othandeka kakhulu!"

29 Ingaba oko akuyi kukwenza ube mnandi, ukucinga ukuba uThixo uyakuthanda? Ukuba bendingathandwa kakhulu, bendiyakuthanda nje ukwazi ukuba ndiyathandwa kancinane phezulu Phaya, ubungayi kubanjalo? Ngokuqinisekileyo. Nje uhlobo lwe . . . Yena ucinga ngam, isihlandlo esinye exesheni, ibiyakundenza mna ndifune nje ukudanduluka, ukucinga ukuba Yena nkqu uyakhathala ngam. Kwaye sinengqiniseko yokuba Yena usikhathalele, ngokuba, "Ngelixa sasingaboni, uKristu wafa endaweni yethu," mzalwana. Kwaye, ngoku, sasingabasemzini kuThixo, ngoku usenze sakufutshane noThixo kwaye wasinika isinyanisekiso sosindiso lwethu, oko kunguye, uMoya oyiNgcwele. Kwaye nokholo phaya olusiphakamisela ngasentla kwizinto zehlabathi, kwaye sikhwele kumphezulo walo. Oko kuluzuko. Akunjalo? Kulungile.

30 Ngelixesha esemthandazweni, uGabhriyeli weza waza wamxelela ukuba kwakungekho kuphela iminyaka emibini ngaphezulu ngaphambi kokuba babezakubuyela kwilizwe elilikhaya, kodwa wamxelala sonke isiphelo sohambo lwesasizwe. Yicinge! Sonke isiphelo sohambo, lonke uhambo lomhlaba, uGabhriyeli waluchaza kuDaniyeli. Wathi Wayethunyelwe ukuba axelele uDaniyeli lento inkulu. Kufanele ukuba waziva kanjani lamprofeti! Kwaye Wamxelela ukuba yayiziiveki ezingamashumi asixhenxe ezazibekelwe phezu kwabantu, ukuya ekutshatyalalisweni; eso sisiphelo sexesha, ke yonke iphelile, ukutshatyalaliswa. Wathi, "Ziiveki ezingamashumi asixhenxe."

31 Abanye babo bakuvumela oko kwiinyanga, abanye kwiintsuku, abanye . . . Huh! Ukuba nje ngenene ziiveki, kukho kuphela malunga nesibini kunye nekota yonyaka, okanye isinye kunye nekota yeminyaka yayo. Kwaye, yabona, wena . . . Phaya kulapho kufanele sifumanise, ukuze sinyaniseke.

32 "Iiveki ezingamashumi asixhenxe zibekelwe phezu kwabantu bakowenu." Ngasizathu sini? Ngenxa yantoni?

Ngabantu bakabani ezazibekelwe phezu kwabo? Abantu bakaDaniyeli, amaYuda. Kwaye yintoni ezazibekelwe yona? Hayi phezu kukaDaniyeli kuphela, kodwa phezu kwesixeko esingcwele sikaDaniyeli; yabona, isixeko esingcwele sikaDaniyeli. Ngoku, klasi, yayiyintoni isixeko esingcwele sikaDaniyeli? [IBandla lithi, "Yerusalem."—Mhl.] Yerusalem.

33 Kwaye ngoku sizakuthabatha, mhlawumbi singene kuyo ngobu busuku: Yayiphi iYerusalem? Ngubani owayisekayo iYerusalem? Ingaba wakhe wacinga ngoko? Ngubani owayisekayo iYerusalem? Yasekwa nini? Sizakufika kuyo, emva kwethuba. Ngubani owaseka iYerusalem? Nkwenkwe, yinto nje eyintwanana encinci efihlwe ngasemva ekoneni, kodwa ngokwenene Iyayixela. Ewe, mhlekazi. Ngubani owaseka iYerusalem, kwaye yasekwa nini? Kulungile. Kwaye eso sisixeko esingcwele sikaDaniyeli.

34 Kwaye siyaqonda ukuba esa sixeko, sona ngoku esibe isisiqalekiso okwamamawaka amabini eminyaka, siyakwakhiwa kwakhona size simiswe kwakhona. Kwaye unqulo lwetempile luyakumiswa nje ngokufanayo elalinjalo ekuqalekeni. Injalo lonto. IYerusalem iyakuba njalo, ngoku, kwaye kuyakubakho idini, umnikelo wemini unikelwe kwakhona nje ngokufanayo kwakunjalo ekuqalakeni. Sizakufika kubuninzi bokuya, ndiyaqikelela ngobu busuku, okanye ubuninzi bayo.

35 Ngoku ndifuna nazi, zihlobo, ukuba, ukubetha kwezi zinto, ngokuqinisekileyo ndishiyelela imfundiso yeeveki. Kodwa nje uhlobo lokuyibetha, ukuze xana imozulu ipholile, okanye kamva kancinci, xana sifika kulooMatywina Asixhenxe, Izibetho Ezisixhenxe, Amaxilongo Asixhenxe, zonke ezi zinto, ndibe ndingabhekiselela emva ndize ndithi, "Niyakhumbula kweziveki zingamashumi asixhenxe zikaDaniyeli? Niyakhumbula isigaba seBandla, xana lanyukayo, nokwenzayo?" Kwaye ezi veki zingamashumi asixhenxe zikaDaniyeli ziquka ukusuka ukunyuka kweBandla kude kube sekubuyeni kweBandla. Esasithuba siso esikuqukayo. Ngoku, ngoku, asizizo zonke iiveki ezingamashumi asixhenxe zikaDaniyeli; ingxenye yazo. "Iiveki ezingamashumi asixhenxe zibekelwe."

36 Ngoku, kwakukho isizathu esintlantlu-ntandathu kutyelelo Lwakhe, emxelela oko kwakuzakwenzeka. Ngoku, kwakukho isizathu esintlantlu-ntandathu sokuza Kwakhe. Ngoku, ngobubusuku, ndicinga siyakushiya ngapha kwiZibhalo zalapho besikhona ngale ntsasa, apho khona kwakukho isizathu esintlantlu-ntandathu. Silapha. Ngoku sifumanisa ukuba kwakukho isizathu esintlantlu-ntandathu, esinye saso. Ngoku masifumane . . .-isahluko sesine, i . . .-umqolo wesine . . . umqolo wama-24 wesahluko se-9 sikaDaniyeli.

> Kwaye *ziiveki ezingamashumi asixhenxe ezibekwe phezu kwabantu bakowenu . . .*

Ngoku khumbula, oko kuko konke uhambo lwamaSirayeli luyakubakuko kulo mhlaba. Zibekelwe. Iiveki ezingamashumi asixhenxe zibekiwe nje. Kuko konke okubalelwe amaYuda.

> . . .*phezu kwabantu bakowenu naphezu komzi ongcwele wakowenu,* . . .

Ngoko ke, ezi veki zingamashumi asixhenxe, ngoku sukuyiphosa, iyakutyhila ukusukela ngela xesha ukuya esiphelweni samaYuda, kwaye kananjalo ukuya ekupheleni kweYerusalem, kude kubekho isixeko esitsha sakhiwe. Ngoku, owu, ndiyathemba siyangena kuyo, kakuhle kakhulu kunye nanzulu ngobu busuku.

> . . .*zibekelwe phezulu kwabantu bakowenu kunye naphezu komzi ongcwele wakowenu,* . . .(Ukwenzela ntoni?) . . .*ukuphelisa ubugwenxa* . . .

37 Yintoni Awamxelela yona ngoku? Wayezama ukufumanisa kudala kangakanani ziyakuba kuko. "Ndiyayazi sisekupheleni kwexesha." Ngokufana nesikuko ngoku, "Nkosi . . . "

38 Bangaphi kweligumbi lokufundela, ngobu busuku, abakholwayo ukuba sisekupheleni kwexesha? Yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Enkosi. Sisekupheleni. Ngoku sizama ukufumanisa, ngoThixo, nje kuzakuba kudala kangakanani iyakuba kuko. Loluphi usuku esiphila kulo? Yilonto sibuyela emva size sichole abo baprofeti, kunye nanjalo njalo, size sizame ukufumanisa apho sikhoyo.

39 Kwaye yilonto uDaniyeli awayenzayo. Wabubhekiselela kuThixo ubuso bakhe. Bangaphi abafunde uDaniyeli 9 namhlanje? Phakamisani izandla zenu. Kulungile. Niyawubona umthandazo wakhe, indlela awenza ngayo intlambululo yabantu bakowabo, kunye nentlambululo yesiqu sakhe. Wayefuna ukuqiniseka ukuba ufumanisa kunini apho babebuyela emva, ngokuba wayefuna ukwenza abantu balungele ukubuyela emva.

Ngoku, into endizama ukuyenza, kukufumanisa siyakunyukela phezulu nini, size senze abantu balungele ukunyuka, okokuba silungele. Kwaye sibhekiselele ubuso bethu kuThixo, ngemithandazo nezingxengxezo, ukufumanisa, "Nkosi, yintoni iyure esiphila kuyo?"

40 Sizibonile zonke ezi zinto zahlukeneyo zisenzeka; sibona ihlabathi likwimbhudembhude. Sibona ixesha likufuphi. Um- . . .umbhalo useludongeni, yonke into awayithethayo uThixo. Siyamva uMongameli wethu ethetha ngenye imfazwe, kanye ngoku isiza. Siva uqikelelo, "Kuzo, owu, kuzo iiyure ezimbalwa emva kwemfazwe, kuqikelelwa ukuba izizwe aziyi kuba nto kuphela uthuli lwevolkeyno." Kwaye siyayazi sinayo.

Ke sifuna ukwazi, ngaphambi kokuba oko kwenzeke, iBandla kufanele limke. Ke, "Nkosi, kuphi apho sikhoyo?" Eso

sisizathu ndikholelwayo ukuba Yena uyakusazisa. Sibhekiselele ubuso bethu ukuze sifumanise. Ngoku, kuqala, masifumanise.

> *Iiveki ezingamashumi asixhenxe zibekelwe abantu bakowenu. . .umzi ongcwele, ukuphelisa isikreqo,. . .kubhangiswe isono, kuze kwenziwe* uxolelaniso *lwesikreqo,. . .ukubuyisela ubulungisa banaphakade, . . .ukutywina umbono nesiprofeto, nokuthambisa iNgcwele kangcwele.*

41 Eso yayisisizathu esintlantlo-ntandathu sotyelelo lukaGabhriyeli.

42 Ngoku masiqaliseni, inani lokuqala. Ukuba nifuna ukuyiphawula, nina abanepensile. Inani lokuqala, "Ukuphelisa isikreqo," leyo yinto yokuqala. Ngoku, ukuphelisa isikreqo sikaSirayeli, ngubani owakreqayo kuThixo, iyakuba kukujikwa kokungahlonelithixo kukaYakobi.

Ngoku, ukufumanisa oku, masityhile kwabaseRoma. Isahluko se-11 kwabaseRoma, size siqalise kumqolo wama-21 kwabaseRoma 11. Ngoku siya kwintoni? "Ukuphelisa izikreqo." KwabaseRoma 11:21. Kulungile.

> *Kuba xa uThixo engaliconganga elasendle* isebe,. . . (Elalingubani? USirayeli.). . .*lumka ke hleze*. . . *kananjalo angakucongi nawe.*

Ngoku, ndifuna nina, xana nigoduka, nifunde sonke esi sahluko se-11. Ndifunda nje oku ukuze. . .Phawulani sonke isahluko se-11, nize nisifunde.

> . . .*anganicongi.*
>
> *Khawubone ke ububele. . .ubukhali bukaThixo: kwabo bawayo, . . .kodwa* nga*kuwe, ububele, ukuba uthe wahlala* kobo *bubele: okanye wena*. . . wo*nqanyulwa,* nawe *wogawulwa.*
>
> *Kwaye bona kananjalo, ukuba abathanga bahlala ek-. . .ukuba abathanga bahlala ekungakholweni bomiliselwa: kuba uThixo unakho ukubamilisela kwakhona.*

Yabona, kuxela ukuba kuyakubakho ixesha lokuba xana iNtlanga iyakunqanyulwa, kwaye uSirayeli abuye angene kwakhona.

> *Kuba wena xana* wa*gawulwa ku—kumnquma ongowasendle ngokwemvelo* (IiNtlanga), *waza wamiliselwa ngokuchaseneyo nemvelo*. . .

Sasichasene nemvelo, abasemzini, singenzelwanganceba, singenaThixo, singenathemba konke konke. Kwaye uThixo, ngenceba Yakhe, ukusinika ithuba, wanqamla uSirayeli olilungisa ngenxa yezikreqo, waza wababeka ecaleni, inta-. . . ululamileyo umthi womnquma, waza wazisa owasendle umthi womnquma, onxaxhileyo ngemvelo.

> . . .ko*mhle . . .umthi: kobeka phi na aba, abangamasebe ngokwemvelo, ukumiliselwa kwabo kowabo umnquma?

Kulungile, masifundeni.

> *Kuba andithandi, bazalwana, ukuba ningayazi le mfihlelo, ukuze ningabi ziingqondi kwelenu* ikratshi; *okokuba ukungaboni kwenzeka kumaSirayeli,* kuwahlele *amaSirayeli, ide inzaliseko yeeNtlanga . . . ingene.*

43 Ade uThixo agqibe ngeeNtlanga, uSirayeli wayemfanyekisiwe. Baphuma baya esonweni nasezikreqweni ngokuchasene noThixo, ngokuba uThixo wamfamekisa amehlo abo, okokuze sihlonyelwe. Niyayifumana? Umqolo wama-26 ngoku:

> *Aze ngokunjalo ke wonke uSirayeli asindiswe: . . .*

44 UThixo wabamfamekisa ngamabomi ukwenzela wena nam. Abanakho ukubona, ngokuba uThixo wabamfamekisa. Kwaye wonke uSirayeli, uSirayeli wenene, uyakusindiswa. Yathini iNgelosi? Uzuko! “Ukuphelisa isikreqo sikaSirayeli! Ndize kunixelela ukuba kuyakubakho ixesha xana isikreqo sikaSirayeli siyakupheliswa.” UThixo uyakunqamla ela sebe lasendle, aze ahlomele kokuya, emva, eliya sebe lenene kwakhona.

45 Owu, ngamanye amaxesha yenza intliziyo yam ixhume, ukubona abo bangamahlwempu, abantu abalusizi benqanyulwe ngaphaya, bengazi apho baya khona; kwaye ukucinga ukuba uThixo, kwinceba Yakhe, wakwenza oko ukuze ndibe nokusindiswa. Wamfamekisa amehlo abo kuMesiya wabo, wavala iindlebe zabo ukuze zingabi nakho ukumva Yena; nangoko, bajonga kanye kwimimangaliso Yakhe, baze bajonga kanye kwimimangaliso Yakhe nezinto Awayezenza.

46 UMateyu, ndiyakholwa, isahluko se-12, okanye ese-8 okanye isahluko se-12, wathi, “Nakubeni uYesu wenza emininzi kakhulu imimangaliso noko babengenakho ukukholwa.” Ngokuba, uThixo wathi, “Banamehlo kwaye abanakho ukubona, kwaye baneendlebe kwaye abanakho ukuva; ngaphandleni bayakubona ngamehlo abo kwaye beve ngeendlebe zabo, ndaye ndiyakubaguqula.” Kodwa, ukuze sibe nethuba, Watsala umkhusane phezu kwamehlo abantwana Bakhe Yena, wagxotha abantwana abangaBakhe Yena esithebeni, waza wabasa ekuncipheni koMoya, ukuze Abe nokufumanisa . . . ukuze sibenokuba nethuba lokuphila, asinike uBomi. Umqolo wama-26, kwakhona.

> *Aze ngokunjalo wonke uSirayeli uyakusindiswa: njengoko kubhaliweyo, Uyakuvela eZiyon uMhlanguli, kwaye asuse ukungahlonelithixo kwaYakobi:*

47 Ewe, Uyakuza kwiNtaba iZiyoni, ngenye yezi mini. Phezu kweNtaba yeMinquma, bayakuMqonda, kwaye wonke uSirayeli uyakuyazi ukuba nguYe. IiNtlanga ziyakube zibhangile ngoko. Ela sebe ebelihlonyelwe, uThixo uyakuthabatha kulo isiqhamo ebesihlanganisiwe. Kwaye ela sebe lasendle liyaku . . .

48 Kwaye ngoku khumbula, ngasemva apha njengoko nifunda, Wathi, "Ukuba eza ngcambu zazingcwele, kwaye ezangcambu yayiyiNgcambu engcwele, kananjalo isiqhamo esiphuma kulaNgcambu ingcwele iyakuzisa isiqhamo esingcwele." Kwaye ukuba laa Ngcambu yayinguYesu Kristu, OwayeyiNgcambu neHlumelo likaDavide; ukuba oba Bomi babukuYe, bavela ngomnombo wobuYuda kwaye banqanyulwa kuwo, kwaye amehlo abo amfanyekiswa ukuze thina sibe nokubona, ubomi bethu kuyakufuneka bulungelelane kunye nelaSebe lisikelelekileyo. Owu, ewe, mzalwana. Injalo lonto.

49 UThixo wabanqamla, ngesizathu, kwaye wamfamekisa amehlo abo ukuze sibe nokuba nethuba lokubona, wasinika ithuba. Kwaye sihamba sijikeleza njengokungathi singabantu ababalulekileyo. UPawulos uyabaxelela apha, "Lumkani, nikwenza njani oko. Lumkani! Kuba ukuba uThixo akaliconganga isebe lemvelo, uyakubanenceba Yena njani kwisebe lasendle elisele . . ."

Ke siyajikeleza, sithi, "NdingumRhabe! NdingumWisile! NdingumBhaptizi! NdingumPentekoste!" Oko akuthethi nto kuThixo. Ufanele uzalwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele oza usuka kwiNgcambu. Kodwa Yena uyeza . . .

50 Ngoku, khumbulani, Yena akathethi ngeNtlanga. Ndiphosa nje oku apha ukuze nibone apho iiNtlanga zibe nethuba lazo.

51 Kodwa, Uzela "ukuphelise isikreqo," asiphelise. Ngoku, ukuba sibuyela emva kuDaniyeli kwakhona, kwaye siyakufumanisa ukuba kuDaniyeli, sifumanisa apha, kumqolo wama-24. Kulungile. "Ukuphelisa isikreqo." Ukuphelisa ntoni? Ukuphelisa isikreqo sikaSirayeli.

Yintoni *isikreqo*? Kukuhamba ngokuchasene nento. Isikreqo ngokuchasene nam, kukwenza into engalunganga kum. Ukreqa ngokuchasene nawe, kukwenza okungalunganga kuwe.

Ke, uSirayeli wenza okungalunganga kuThixo. Kwaye kule veki yamashumi asixhenxe, yintoni ezakwenzeka? UThixo uzakuphelisa isikreqo sikaSrayeli. "Ukuphelisa isikreqo," iyakuba, "ukususwa kokungahlonelithixo kuYakobi." Kuze emva koko wonke uSirayeli uyakuzalwa ngokutsha kwakhona. Bonke bayakwamnkela uMoya oyiNgcwele.

Ngoku, okwesibini, kubhaleni phantsi oko kwiphepha lenu.

52 Singahlala ixesha elide kokuya, kodwa andifuni kuya kushumayela kuyo. Nje ndifuna ukuthetha nani, ukuze nibe nokuyifumanisisa. Xana singena kulaMatywina Asixhenxe,

ngoko niyakungena nje ukudlula kwiBandla, ukudlula kuMatywina, ukudlula kwiZibetho, nize nazi apho simi khona. Kulungile.

53 Okwesibini, "Kubhangiswe izono." Ngoku masifundeni kwakhona, uDaniyeli.

> . . .*ukuphelisa . . . isikreqo, no—nokubhangisa izono, . . .*

Eso sisizathu Sakhe sesibini sokuza. Kuqala, kukuphelisa isikreqo sikaSirayeli; nokubhangisa izono. Kuphina apho uSirayeli wonayo? Kuphi apho benza isono sabo esikhulu? Kuphi apho bazahlulayo kuThixo?

54 Ngoku phulaphulisisani. Masityhile kuNgcwele uMateyu 24. Kwaye apha kulapho uSirayeli wenza isono sakhe esibi. Apha kulapho wenza isono sakhe sokugqibela, kunye nesizathu akulemeko namhlanje. UMateyu, isahluko sama-27 seVangeli kaNgcwele uMateyu, kunye nomqolo wama-25 wesahluko sama-27. Masiqalise malunga no—nomqolo wama-21.

> *Irhuluneli yaphendula yathi kubo, Ngowuphi kwaba babini eningathanda ndinikhululele yena?* Baza *bathi, uBharnabhas.*

Ngoku khumbulani, lowo nguSirayeli. "uBharnabhas!"

> *UPilato* wathi *kubo, Ndimenze ntoni . . . uYesu ekuthiwa nguKristu?* (Phulaphulani kubo!) Bathi *kuye, Makabethelelwe.*

Khumbulani, lowo nguMesiya wabo awathi uDaniyeli uyakuza. Khumbulani ngale ntsasa, kwisifundo apha, "Uyakunqanyulwa, hayi ukuzenzela Yena," hayi akukho nto Wayenza.

> . . .*Makabethelelwe.*

> *Yaza irhuluneli yathi, Kutheni, bubi buni abenzileyo? Kodwa banqangaza ngakumbi, besithi, Makabethelelwe.*

> Emva koko *uPilato wabona akanakuphumelela, kodwa . . . ingxokozela yenziwa, waza wathabatha amanzi, waza wahlamba izandla zakhe phambi kwesihlwele, esithi, ndimsulwa kwigazi lale ndoda ingenatyala: ziboneleni . . . kuyo.*

55 Phulaphulani! Nantsi impazamo yabo. Nasi isono sabo.

> *Baza baphendula . . . abantu, kwaye bathi, igazi Lakhe malibe kuthi, kunye nakubantwana bethu.*

56 Phaya kulapho basenzayo. Wayephelisa isono sabo. Angayenza njani nantoni engenye kuphela kukubaxolela, esazi ukuba kwafuneka yena amfamekise amehlo abo, ukuze sibenakho ukungena? Kufana nabantwana Bakhe bebiza iGazi Lakhe. Kwaye babemfamekile, kwaye

Yena wayeyazi babemfamekile. Eso sisizathu Yena wamemezela ukuxolelwa kwabo. "Baxolele, Bawo, kuba abakwazi abakwenzayo." Babemfamekile. Ukwenzela thina bamfanyekiswa. Ekungakholweni kwabo benza oku. Kodwa xana bambonayo Yena kwakhona . . . Amen!

57 "Ukubhangisa isono." Yintoni isono? Ukungakholwa. Babengakholwa ukuba yayinguMesiya. Babengenakho ukumbona Yena ukuba nguMesiya, noko wenza wonke umqondiso uMesiya awayefanele awenze. Kodwa babengenakho ukuyibona. Babezimfama.

58 Ke xana ubona abantu besithi, "Andikholelwa kwimpiliso eNgcwele. Andikwazi kuyibona. Andikwazi kulubona ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele." Sukuba nomsindo ngakubo; bazimfama. Bathi, "Andikwazi kuwubona loMyalezo woKuza Kwakhe. Andikwazi kulubona olubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Andikwazi kuyibona lembewu yenyoka. Andikwazi kuzibona ezizinto." Bazimfama, kwaye abayazi lonto. Bathandazele nje. Kulungile.

59 Ekungakholweni kwabo; kodwa, xana bembona Yena, xana Yena esiza kwakhona, iyakuphelisa ukungakholwa kwabo. Owu, bethu! Masityhileni nje kuqala kwiGenesis ama-25, isahluko sama-45, size sifumane u—umzekelo wayo. Ndibhale phantsi apha enye, yeGenesis ama-45, nina ababhalayo. Owu, indlela endiyithanda ngayo leVangeli yakudala ilungileyo! Kulungile. Ngoku siyayazi apho sikhoyo.

Ingaba ninakho ukundiva kakuhle, emva kwisakhiwo? Phakamisa isandla sakho ukuba unakho ukundiva. Ndenze oku kuhlale kufutshanana.

60 Ngoku sizakufunda ingxenye yesi Sibhalo. Ndifuna niphulaphule, nina eningenaBhayibhile zenu. Nina nineBhayibhile, yiGenesis. Kuqala, masiqalise kwisahluko sama-44, siqalise ngomqolo wama-27.

61 NguYosefu, kwaye uYosefu wayengumzekelo ogqibeleleyo kaKristu. Siyayazi lonto. Bangaphi abakwaziyo oko? Ethiyiwe ngabantakwabo. Kutheni? Ngokuba wayekumoya, wabona imibono, etolika amaphupha. Wayeyindoda ekumoya phakathi kwabantakwabo, kwaye bamthiya. Kwaye uyise wamthanda.

Kanjalo uYesu wathiywa ziicawa zobuhlelo, kodwa wathandwa nguYise uThixo. Kutheni bamthiya Yena? Ngokuba wayekumoya. Ngokuba . . . Bamxelela, bathi wayengumvumisa, umtyholi.

62 Niyakhumbula into abayitshoyo abantakwabo uYosefu kuye? "Nanku esiza lamphuphi." Yabona? Yabona, into ekwanye. Kwaye bamthengisa uYosefu phantse ngexabiso elikwalinye awathi uYuda wathengisa uYesu ngalo, amashumi amathathu amaqhosa esilivere. Bamphosa emhadini, baza bemka baya kuxelela uyise ukuba into ethile imbulele, wayefile. Kodwa

wathatyathwa emhadini. UKristu waphoswa emhadini, waza wakhutshwa. Kwaye ukusuka phaya waya kweyono iphezulu indawo eyayikho emhlabeni. Amen! UYosefu waya ngasekunene kukaFaro; kwaye uYesu waya ngasekunene kukaThixo. Ekuhendweni kwakhe, phambi kokuphakanyiswa . . . uYesu, ngaphambi kokuba Aphakanyiswe, wadlula ekuhendweni.

63 Kutheni, ndiyakholwa yayinguBilly Sunday, umvangeli omkhulu, wathi, "Wonke—wonke umthi wawunesigidi seeNgelosi zihleli kuwo, ngala mini yokubethelelwa, zathi, 'Tsala nje isandla sakho sikhululeke uze walathe kuthi. Siyakuyiguqula lenkangeleko khona apha.'" Kodwa Wayengenakho ukuyenza.

64 UKayafa wathi, "Wazisindisa; abanye akanakubasindisa." Wayengayazi ukuba wayemncoma. Ukuba Wayenokuzisindisa Yena, Wayengenakuba nakho ukusindisa abanye. Ke, Wanikezela ngaYe, ukusindisa abanye. Yabona, ke bamfameka kuyo. Ngoku ba . . .

65 Ngoko xana waya phaya ekuphakanyisweni kwakhe, okanye, ngaphambi kokuphakanyiswa kwakhe, ukuhendwa kwakhe . . . Khumbulani, uYosefu wafakwa entolongweni ngokuba wayemsulwa.

66 UmRoma, okanye, ijengele yomSirayeli, egama linguPotifaro; uPotifaro waya, waza wemka ngohambo. Yayinomfazi omhle, kwaye umfazi wayo yenza uYosefu angene ngaphakathi endlwini ukuza kwenza into ethile, waza wazama ukwenza uYosefu enze into ethile engalunganga. Kwaye wayethembekile kuThixo. Ndiyakuxelela, basoloko . . .

67 Nina bafazi, ndinikhwazile; ngoku ndizakunithathela, umzuzu. Yabona? Umfazi sisitya esi ethe-ethe. Ndiyayazi akunakubakho indoda engalunganga ngaphambi kokuba kubekho umfazi. Kodwa amadoda akwaziyo oko, amadoda aziyo ukuba ungunyana kaThixo, kwaye axhaphaze umfaze, ihlazo kuni; akukhathaliseki umfazi wenza ntoni. Usisitya esi ethe-ethe, kwaye uyayazi lonto. Ukuba uyaphuma, enze ngokungafaniyo nobunenekazi, mthabathe ngesandla uze uthethe naye njengodade. Ungunyana kaThixo. Musani ukuzenza ezo zinto zingcolileyo. Khangela kuYosefu, wayengumzekelo kuni.

68 Kwaye xana umfazi kaPotifaro, lomfazi mhle, ohloniphekileyo, omkhulu, omnye wabaphakamileyo abafazi ababekho elizweni, wambongoza kwaye wamcela. Kwaye wajika, waza wambamba wazama ukumangela kuye. Waza wazixhuzula de wakrazula ingubo yakhe, waza wabaleka wemka kuye umfazi. Ewe, mhlekazi. Kwaye xana wangenayo, baxela ubuxoki ngaye, bathi wangena ukuya kumdlwengula, kwaye washiya eyakhe . . . kwaye washiya ingubo yakhe phaya. Kwaye ngenxa yoko waya eziseleni. Kodwa, eziseleni, uThixo wayekunye naye, akukhathaliseki kuphi apho bambeka khona.

69 Wayengumzekelo woNyana wempumelelo. Yonke into uYosefu awayenzayo yaphumelela. Kwaye xana uYesu ebuya kwiMillenium, eso sisizathu iintlango ziyakutyatyamba njengomfiyo. Yonke into Ayenzayo iyakuphumelela. Yena nguNyana wempumelelo. Naphina apho ubeka uYosefu, ibisikelelwa. Naphina apho akhoyo uYesu, isikelelekile. Ke, mfake yena entliziyweni yakho uze usikeleleke.

70 Ke siyafumanisa ngoku, ukuba, uYosefu ngoko wafakwa entolongweni. Kwaye entolongweni phaya kwakukho amadoda amabini; enye yawo yalahleka, kwaye enye yasindiswa. UYesu, ekuhendweni kwakhe emnqamlezweni, elinye isela lalahleka laza elinye lasindiswa.

71 Xana Waphakanyiswayo, Waya ngasekunene kuka Thixo. Xana uYosefu waphakanyiswayo, waya ngasekunene kukaFaro, kwaye akukho mntu ebenokuthetha noFaro ngaphandle kokuthetha noYosefu kuqala aze afumane imvume.

Kwaye xana uYosefu wayeshiya ibhotwe . . . Owu, bethu! Xana uYosefu wayeshiya ibhotwe, amaxilongo ahlokoma, kwaye amadoda abaleka ngaphambili kwakhe, esithi, "Guqani ngedolo! UYosefu uyeza!" Amen!

Kwaye xana uYesu eshiya ngasekunene kobuNgangamshe ngasentla, amaxilongo ayakuhlokoma. Kwaye lonke idolo liyakuguqa, nalo lonke ulwimi luyakuvuma, "UYesu uYeza!" Ngokuqinisekileyo! Kodwa ukuba . . .

72 Kwaye, khumbulani, xana waliwayo ngabantakwabo, wenza ntoni? Wafumana umfazi weNtlanga; wafumana umfazi womYiphutha. Xana uYesu wanqanyulwa kubantakwaBo emva phaya, amaYuda, Watshata uMtshakazi weNtlanga. Kodwa ngoku, emveni kweminyaka, emveni kokuba abantwana bezelwe, u-Efrayim noManase, waba nosapho.

73 Ngoko, ngenye imini, abantakwabo beza kumtyelela. Qaphela. Siyalazi ibali, indlela awabeka into encinci phakathi phaya, ukuthumela emva. Kwaye wenza ngathi wayengenakho nokuthetha ulwimi lwabo; waba netoliki, ukwenzela isiHebhere, xana wayengumHebhere yena. Kwaye abantakwabo babehlile. Babengamazi. Wayeyinkosana enamandla.

Kwaye kanye ngoku, uKristu utyelela amaYuda, uphilisa abaguloyo babo kunye nezinto, kwaye futhi abaMazi Ngubani, la Mesiya.

Masiqaliseni kumqolo wama-27 wesahluko sama-44.

*Kwaye isicaka sakho ubawo sithe kuthi, Uyayazi ukuba umfazi wam undizalele—umfazi wam undizalele oonyana ababini:*

*Kwaye* omnye wabo *wamka kum, . . .*

Lowo yayinguYosefu, yena lowo babethetha naye.

*. . .ndaza ndathi, Ngokuqinisekileyo uqwengwe wangamasuntswana; kwaye andikhange ndiphinde ndimbone:*

*Kwaye ukuba uthabatha lona kum, kuze okubi kumehlele, uyakuhlisela ezantsi engcwabeni iinwele ezingwevu zam zinentsizi.*

74 BabenoBhenjamin omncinci ezantsi phaya, umntwakwabo omncinci. Niyamazi ngubani amele yena uBhenjamin? Eli gquba litsha lawenene, awemvelo amaYuda ahlangene phaya ngoku ukwenza elakhulu linamanci amane anesine amawaka, olu—oluhlanga luvelayo. Hayi abamaqhingana beWall Street, hayi, hayi; abo ngumlotha wenkanunu. Wona asingomaYuda. Wona asingomaYuda. AmaYuda enene ngalamaBhenjamini mancinci avelayo esuka ezantsi apha, kwaye akazange eve ngeLizwi likaYesu Kristu.

*Ngoko ke ngoku* yizani apha kum. . .kunye notata wenu. . .kwaye *ubawo, kunye nomfana engekho kunye nathi; ekubeni ubomi bakhe bubopheleleke kubomi bomntwana;*

75 UBomi obuboBakhe uThixo bubopheleke kuSirayeli. Utshatele kuye. Sizakufika kokuya kwimizuzu embalwa, ukuba iNkosi ithandile. Utshatele kuSirayeli. UBomi Bakhe bubopheleleke kuye. Njengokuba ndibopheleleke kuNkskz. Branham emva phaya, umfazi wam, kwaye wena ubophelelekile kumfazi wakho. Ubomi bakho bubhijelwe kuyo. Kwaye uThixo utshate uSirayeli. Kwaye yayiyintoni? UYakobi wathi, "Ubomi bam bubhijelwe kwaye bubopheleleke kulomntwana. Ndiyaku. . ."

Kwaye *kuyakwenzeka, xana ebona umfana akakho kunye nathi, . . .*

UYosefu wayezakumgcina umfana, niyayazi. Siyalazi ibali.

. . .kwaye *uyakufa,* utata wakhe: *kwaye izicaka zakho ziyakuthobela ezantsi engcwabeni izimvi zesicaka sakho ubawo enesingqala.*

Phulaphulani kwesa sicengo athi uRubhen asinikeze ngoku.

*Kuba isicaka sakho* sibe *sisibambiso sesiqinisekiso sokuba umfana kuwe. . .kubawo, esithi, Ukuba* andimzisanga *. . .ndimzise kuwe, ndoba netyala kubawo yonke imihla yam.*

*Ngoku ke, ndiyakubongoza, makahlale umkhonzi wakho lo esikhundleni somfana . . .*

Owu, bethu! Yabona, umile kanye phambi koYosefu, umntakwabo. Lo nguYosefu, kwaye akamazi. Owu, linda de laa Millenium iqalise, mzalwana!

. . .ngoku *endaweni yokuba umfana abe sisicaka kwinkosi yam; . . .*

Phulaphula kuye, emvuma, "nkosi."

> . . . *umyeke umfana anyuke nabantakwabo.*
>
> *Kuba ndingathini na ukunyuka ndiye kubawo, engenam umfana? hleze ndibubone ububi* obomfumana *ubawo.*

76 Ebongoza, enikeza ngobomi bakhe! Indlela wona amaYuda ayakuma phaya ekhuphe izandla zawo! Qaphela. Qaphela ngoku owama-45, umqolo . . . Phulaphulisisani, musani ukuyiphosa. "Xana uYosefu eno . . . "

> *Emveni koko uYosefu akabanga nakho . . . -zibamba—ukuzimbamba phambi kwabo bonke ababemile* kunye *naye;* . . .

Mzalwana, oko kuxa isono siyakubhangiswa. Ukungakholwa kuzakusasazwa.

> . . . *waza wakhwaza,* kwaye wenza *wonke umntu amke . . . kum. Akwabakho mntu umi ngakuye, ekuzaziseni kukaYosefu kubazalwana bakhe.*

77 Yintoni? Kwa nomfazi wakhe wabuyela ebhotwe. Owu, bethu! UMtshakazi eLuzukweni, ngelixa uYesu ebuya (Siyakufika kuyo apha.) ezokuzazisa Yena.

> *Kwaye walila kakhulu:* . . .

UYosefu wayengenakho nje ukuzimbamba, kwaye wakhwaza.

> . . . *aze amaYiphutha kunye nendlu kaFaro yakuva.*

78 Kwayokutsho ngaphaya ebhotwe, bamva uYosefu ekhala. Ngoku, lowo ngumzekelo kaKristu ehlangana namaYuda, okokuba, Esazi Wawamfamekisa wona ukuze sibe nokuba nethuba. Kodwa xana Esiza kuwo kwakhona, isono sikaSirayeli siyakuphela.

> *Kwaye uYosefu wathi kubantwakabo, ndinguYosefu;* . . .

Nicinga ukuba uyakuthini uYesu? "NdinguMesiya wenu. NdinguLowo enambethelelayo."

> . . . ingaba *usaphila na ubawo? Kwaye* abantakwabo *babengenakho ukumphendula; kuba babexakanisekile phambi kwakhe.*

79 Owu, ndifanele ndime apha nje umzuzu. Masityhile ngaphaya kuZakariya isahluko se-12. Tyhilani nam ngoku kwiNcwadi kaZakariya isahluko se-12 sikaZakariya. Kwaye mhlawumbi ndithabatha ixesha elidana ekuqaliseni ukushumayela koku, kodwa ndi—ndiyathemba akunjalo. Kwaye ndi—ndifuna nina niyifumane, kakubi.

80 Zakariya, masifumane isahluko se-12 sikaZakariya, size sibone yintoni azakuyitsho ngoku xana eme phambi

kwabantakwaBo. UZakariya 12 kunye nese-10. "Kupheliswe isono," ngoku. Kulungile, isahluko se-12 kunye nomqolo we-10.

81 Qaphelani. Kwaye ngoku yena uthetha apha nentsalela; ukungqingwa kweYerusalem; irhamncwa kunye nemikhosi isusiwe, kunye nanjalo njalo; zonke izinto ziya ekupheleni ngoku; oku kuphantse kube kwiMillennium, kulungiselela ukuqala kweMillennium kanye ngoku.

> *Ndothululela phezu kwendlu kaDavide, naphezu* kwabemi *baseYerusalem, umoya wa* (ntoni?) *wobabalo*. . .

Amen! ubabalo olumangalisayo!

> . . .*phezu kwendlu*. . .*abemi beYerusalem,* (OwakuloDaniyeli "umzi ongcwele"), *umoya wobabalo nowezitarhuziso: kwaye bayakukhangela kum lowo bamhlabileyo amahlanza, kwaye bayakumbhambazelela, njengokumbambazelela kozelwe wamnye unyana, bayakubakrakra ngenxa yakhe, njengokukrakra ngenxa yamazibulo.*

82 Phulaphulani, okunjani ukumbambazelela okuyakubakho xana Yena eme phaya, Yena ezazisa kubo, njengoYosefu wenzayo! Phulaphulani.

> *Kwaye ngaloo mini siya kuba sikhulu isililo eYerusalem, njengesililo saseHadede-*. . .

Andinakulibiza ela gama, H-a-d-a-d-r-i-m-o-. . .

> . . .*Hadadrimmon e*. . .*Megiddon—Megiddon.*

> *Kwaye liya* kulila *ilizwe, imizalwana ngemizalwana iyodwa; umzalwana wendlu kaDavide uwodwa, nabafazi babo bebodwa;* no*mzalwana wendlu kaNathan uwodwa, ne*mizalwana *yabo iyodwa;*

> *I*. . .*indlu kaLevi*. . .*nabafazi babo* nemizalwana *iyodwa;*. . . noSimiyon nababo *bebodwa;*

> Nayo *yonke imizalwana eseleyo, wonke umzalwana*. . .*nabafazi babo bebodwa.*

83 Bayakuba nentloni kakhulu ngeziqu zabo, xana bemile phaya kwaye babone okuya ukuba kanye Lowa abathi bambethelela kwaye bamphika, emile phaya, oxabisekileyo wabo uYosefu. Kuyakubakho esinjalo isililo! Kwaye bayakuthi, "Uwafumene phi na loo manxeba?"

84 Wathi, "Endlwini yezihlobo zaM." Yabona into endiyithethayo? Ukubhangisa isono, sokungakholwa, oko koko Azela kona.

85 Kwaye lomnyaka wamashumi asixhenxe kaDaniyeli, iiveki ezingamashumi asixhenxe, ngxebe, ukuza kuphelisa isono, sibhangiswe. Niyayiqonda ngoku? Yintoni eyokuqala?

"Ukuphelisa isikreqo." "Ukubhangisa isono." Okwesithathu, "Ukucanyagushelwa kobugwenxa." Nina abayibhalayo phantsi.

Ndinamalunga neZibhalo ezintandathu phaya, kodwa ndiyagqitha phezu kwazo, ngokuba kushushu. Asifuni kuthatha ixesha elide. Ndifuna ukufumana kangangokuba ndingabanakho yayo, kodwa ndinganigcini ixesha elide. Kulungile.

86 "Ukucanyagushelwa kobugwenxa." *Ubugwenxa* ku "kwenza okungalunganga," njengoko benzayo emnqamlezweni. Wenza uxolelaniso, kodwa aluyi kusebenza kubo. Aluzange lwasebenza kubo. Kutheni? Ngokuba babemfanyekisiwe kwaye bengenakho ukulubona. Kwaye kutheni babemfamekile?

Nithi, "Kulungile, mhlawumbi, namhlanje . . . ngokuba ndiyimfama." Uzenzile ukuba ubeyimfama. Babemfamekile ngokuba uThixo wabamfamekisa bona. Kodwa wena uyimfama ngokuba uzithandele ukuba yimfama. Akukho xolelaniso lakho. "Ukuba akukholwa ukuba NdinguYe," wathi uYesu, "niyakufela ezonweni zenu." Injalo lonto.

87 Ngoku masityhile emva kuZakariya kwakhona, isahluko se-13. Ngoku masiphulaphule apha. "Ukwenza uxolelaniso." Ngoku, apho oku . . . Bendikhangela umntu othile, yiva oku—yiva oku, kodwa mhlawumbi iNkosi iyakuyifumana ngenye indlela.

> *Ngala mhla apho iya . . .*

88 "Ngala mhla." UGqr. Scofield unayo apha kwimibhalo yakhe engezantsi, okanye izihloko zemihlathi, "Intsalela . . . Intsalela eguqukayo yalatha emnqamlezweni."

89 "Ukucanyagushelwa kobugwenxa." *Ubugwenxa* yi "into ethile othe wayenza ngokungalunganga, othe wazi ngcono, ukuba ubufanele ukuba akuyenzanga." "Ukuba ndiyila ubugwenxa entliziyweni yam, uThixo akasayi kundiva."

90 Ngoku, kuZakariya isahluko se-13, masiqaliseni kowoku-1—umqolo woku-1.

> *Ngalamhla kuyakubakho ithende elivuliweyo endlwini kaDavide nakubemi baseYerusalem ukwenzela isono no . . . ukungacoceki.*

91 Kuyakubakho indlu evulekileyo. Qhubeka; singayifunda nje ukwehla. Ndifuna ukuphawule oko ukuze ube nokuyifunda. Kodwa ngoku, ndiphawule apha ukuqalisa kumqolo we-6 kunye nokufunda ukuya kowe-10. Kulungile, masifundeni ngoku size sibone, funda ukuya kowe-9, gxebe.

> *Kwaye omnye uyakuthi kuye,* okokuba kuphe . . . *Ngawanina la manxeba esandleni sakho? Ngoko uyakuphendula, Abo . . . ntoleyo ndabanayo yayi . . .* (Masibone.) . . . *phendula, Ngendagxwelerhwa ngawo endlwini yabazizihlobo zam.*

*Vuka, krele, ngakumalusi, nangakwindoda engummelwana wam, utsho uYEHOVA wemikhosi: betha umalusi, kwaye izimvu ziyakuchithachithwa: kwaye ndiyakusibuyisa isandla sam phezu kwezincikanane.*

92 Ngoku, uYesu wachaphula esa Sibhalo. Yabona, "Betha uMalusi, uze uchithachithe izimvu." Kodwa qaphela umhlathi olandelayo. Wacaphula okuya kungakaya kwako. Kodwa qaphela into umgca olandelayo okutshoyo, indawo elandelayo yayo. "Kwaye ndiyakusijikela isandla saM kwaba bancinci." Intoni? Iqela likaBhenjamin elivelayo ngoku. "Ndiyakusijikela isandla saM kwaba bancinci."

93 "Betha uMalusi." USirayeli, kuqala, uSirayeli wabetha uMalusi, wachithachithela izimvo kulo lonke ihlabathi. Kodwa uThixo wathi, "Ndiyakusijikela isandla saM emva, ukubafumana abaya bancinci kula mhla wokugqibela." Nini? Xana uxolelaniso lobugwenxa lwenziwe.

94 USirayeli uyakusindiswa, wonke ngamnye kubo. Masityhileni ku Isaya. U-Isaya, isahluko sama-66 sika Isaya, size sifunde umzuzu. Kwaye jonga into uThixo ayitshoyo malunga noSirayeli esindiswa, iyakuthabatha ixesha elingakanani ukusindisa uSirayeli. Qaphela iyakukhawuleza kanjani ukuza. Ku Isaya, isahluko sama-66 kunye nomqolo we-8. Ukuba nifuna ukuyifunda yonke, kulungile.

*Ngubani na* okhe *weva into enjalo? ngubani na okhe wabona* into *enjalo? Ingaba umhlaba uyakwenziwa uvelise. . .ngemini enye. . .kwimini enye? . . .kuba kwamsinya iZiyon yathi ukuzibhijabhija, yabazala abantwana.*

95 Kwamsinya iZiyon ibona ukuba lowa yayinguMesiya wabo, wazalwa ngokutsha, ngosuku olunye. "Ukwenza uxolelaniso lwezono, nokwenza uxolelaniso lobugwenxa, nokungahlambuluki." Owu, bethu! Benza oko kwakukubi, oko kwakungalunganga. Uxolelaniso lwenzelwa ubugwenxa babo.

96 Okwesine. "Ukuzisa ubulungisa banaphakade." Leyo yinto yesine Azela yona. Eyesine, yintoni Azele kuyenza, "Uku—ukuzisa ubulungisa banaphakade." "Ukubhangisa isono; uxolelaniso; nokuzisa ubulungisa banaphakade." Xana ubugwenxa bukaSirayeli bufikelele esiphelweni. . .Xana ubugwenxa. . .

97 Ngoku sizaku. . .Ndifuna nikubambe oku, ngokuba xana sisizisa lamfazi, kunye nerhamncwa lilahlelwe ngaphandle, nizakubuyela kanye emva kwesi Sibhalo sinye kwakhona. Qinisekani ukusibhala phantsi Sona. Xana ubugwenxa bukaSirayeli bufikelele esiphelweni, uSathana, ongummangaleli wabo nommangaleli wethu, USathana uyakutywinwelwa kwinzonzobila. Xana kutheni? Xana

kusiziswa ubulungisa banaphakade, into ethile engenakuphela, bonke ababangela ukungalungisi bayakususwa.

98 Masifumane iZityhilelo isahluko sama-20 kunye nomqolo we-13, nje umzuzu, size sifunde apha umzuzu. IZityhilelo ama-20, kunye ne-13 . . . Hayi, ndixoleleni. IZityhilelo . . . 1 ukuya kwi-3, yiyo. Andikhange ndibone olwaphawu luncinci phakathi kwayo. Umbilo wam apha ungena emehlweni am. IZityhilelo isahluko sama-20, kwaye makhe sibone.

> *Ndaza ndabona kusihla ingelosi isuka ezulwini, inezitixo zenzonzobila kunye nomxokelelwana omkhulu esandleni sayo.*
>
> *. . . yayibamba inamba, lanyoka yakudala, engumtyholi, noSathana, yaza yayikhonxa iminyaka eliwaka,*
>
> *Yaza yaliphosa kwinzonzobila, yaza yalivalela, yaza yabeka itywina phezu kwayo, ukuze ingabinakho ukulukuhla* isizwe *kwakhona,* ide *iminyaka eliwaka iphele: kwaza emva koko . . . mayikhululwe okwethutyana.*

99 Ukwenza olungunaphakade . . . "Ukuzisa ubulungisa obungunaphakade," USathana enzonzobileni. Kwaye xana Yena ekwenza oko, aze atywine umtyholi lowo uthe walahlekisa abantu.

100 Ngoku masityhileni emva kuHabhakuku, isahluko se-2. UHabhakuku, isahluko se-2. Kwaye ngoku sizakubona kutheni Yena watywina lenyoka indala, nokuba yayenzelwa ntoni, nokuba kwenzeka ntoni kwamsinyana emva kokuba litywiniwe. Ndiyakuthanda oku, anikuthandi? Ku—kusizisa kulwazi lokuthile. UHabhakuku, Habhakuku, isahluko se-2 kunye nomqolo we-14, ndiyakholwa yiyo, ndifuna ukufunda. Xana oku kusenzeka . . . Qaphela.

> *Kuba umhlaba uyakuzala lulwazi kunye nozuko lukaYEHOVA, njengamanzi egubungele ulwandle.*

101 *Brrrrr*! Bethu! *Whew*! Ngamanye amazwi, xana utshaba lususiwe, isiphelo sesono sifikile, ukuziswa kobulungisa banaphakade bufikile, uSathana utywinelwe enzonzobileni, kwaye ulwazi lweNkosi luyakuzalisa umhlaba njengamanzi engubungele ulwandle. Amen! Uzuko kuThixo! Iyeza, mzalwana, iyeza! Abafazi bayakuba ngamanenekazi, namadoda ayakuba ngamanene. Amen!

> Xana ulwazi lweNkosi luyakuzalisa umhlaba
> nolwandle nesibhakabhaka;
> Kwaye, owu, intliziyo yam iyancwina, ililela la
> mhla wokukhululwa okumnandi,
> Xana uYesu wethu eyakubuyela emhlabeni
> kwakhona.

102 Amen! Kulungile. Ngoku, iMillennium ngoko iyaqhubeka. Oko kuxana iMillennium, xana uMzi uzakwakhiwa. Okwesine . . . Ndinamalunga nesithandathu ngaphezulu iZibhalo, kodwa siyakukhawulezisa. Ngoku, xana sibuyela, ndiyakuchola ezi zizezinye iZibhalo; kodwa nje ukukufumanisa ulwazi oluphangaleleyo.

103 Okwesihlanu. "Ukutywina umbono nesiprofeto." Yabona, la Ngelosi iza ukuzakutywina umbono nesiprofeto.

Ndi—ndikuthiyile ukutsho oku. Kodwa, omnye umbhali omkhulu, endandifunda malunga naye ngenye imini, ukuba wayengakuphixanisanga okuya! Wathi "Yayiyintoni . . . "

Ngoku, nje ukubonisa obunjani ubuyatha . . . Owu, ndixoleleni, andibhekiselelanga ukutsho okuya. Ndixoleleni. Andibhekiselelanga okuya, ngokwenene andibhekiselelanga. Hayi. I—i—indoda ngaphandle kwentambiso, yabona.

Indoda yathi, "Uyabona apha lamibono kunye nesiprofeto zazisoloko zivunyelwa kwibandla lamaYuda." Yaza yathi, "Ukusuka kwixesha likaDaniyeli ukuqhubeka, xana uDaniyeli esiza, ithetha ukuba abasokuze babe nombono okanye nasinye isiprofeto." Yathi, "Zonke ezi zinto namhlanje abathetha malunga nazo, malunga nokuba nemibono nesiprofeto, yayiyinto yonke yomtyholi," okokuba, "kwakungekho nto injalo njengemibono nesiprofeto."

Mzalwana, kwakukho inqwaba yabaprofeti emveni koDaniyeli. Kwaye kwakukho uYohane umBhaptizi. Kwakukho uYesu Kristu. Kwakukho abaprofeti kuyo iTestamente Entsha. Kwakukho imibono. Kwakukho iiNgelosi.

Kungathini ehlabathini indoda inokutsho okuya? Kodwa, niyabona, oko yinjongo yokuzithandela, ukuzama ukutyhalela into ethile ebantwini, ukuyenza imfundiso encinci yebandla, okanye intwanana encinci, ukuba ibe yeyenene ebantwini. Kwaye ukuba abantu abanaMoya oyiNgcwele, bayakukhohliswa yiyo.

104 Ngoku, masingathabathi oko indoda ethile ekutshiloyo. Ngoku, akukho Sibhalo sokukubonakalisa okuya. Ke bendingakuthabatha njani okuya? Kuhle, masifumaniseni yintoni ngenene ikukutywinwa. Qwalasela! Weza ukuza kwenza okuya, ukutywina umbono kunye nesiprofeto.

105 Ngoku, masityhileni emva kwiNcwadi kaDaniyeli, apho besikhona. Ngaphaya kwiNcwadi kaDaniyeli, siyakufumanisa nje yintoni Eyakutshoyo. Ngoku masityhileni kuDaniyeli isahluko se-12. Ngoku, njengoko sifika kuDaniyeli i-12, ngoku, singaqalisa. Size sifunde ukusuka . . . Xana nigoduka, ndifuna nifunde ukusuka kumqolo wo-1 ukuqhubeka. Masifundeni ukusuka kumqolo wo-1, ukwehla ukuya kowe-4.

> *Ngelo lixa* uMikhayeli *uyakuma . . . inkosana enkulu* eyakumela *abantwana bakokwenu:* . . .

Ngoku, oku kusekupheleni kwexesha.

> *. . . kwaye kuyakubakho ixesha lembandezelo, elingazange libekho kusukela . . . isizwe* . . .

Oko kuxana umchasikristu, lomkhweli weTywina Lokuqala ephuma, xana ethabatha indawo.

> . . . kude kube leli *xesha:* . . .

Hayi ngexesha apho xana uTitus wathabatha iindonga zaseYerusalem. Kwakukwindawo enye kuphela. Qwalasela xana lo mchasikristu, lankosana eyayizakuza, qwalasela xana isiza.

> *. . . kude* na*ngeloxesha: kwaye ngela xesha abantu bakowenu bayakuhlangulwa, wonke ngamnye* o*funyanwe ebhalwe encwadini.*

Haleluya! "Abantu bakowenu," uSirayeli, "uyakubhalwa encwadini."

> *Kuyakuvuka abaninzi kwabaleleyo eluthulini, abanye bayakuya ebomini obungunaphakade, kwaye abanye bayakuya* elusizini nengcikivo *engunaphakade*.

106 Bekunokuba njalo njani ehlabathini xana uTitus wathabatha iindonga zeYerusalem? Bekunokuba njalo njani? Ibingenakuba njalo. Yabona, uthetha ngexesha lesiphelo, eluvukweni. Ingaba injalo? Ngoku:

> *Abo ke banengqiqo bayakukhazimla njengokukhazimla kwesibhaka-bhaka; kunye naba*jikela . . . *abajikela abaninzi ebulungiseni* . . . *iinkwenkwezi ngonaphakade* . . .

Phulaphulani! Nantsi, inene, utywino lwenyaniso.

> *Kodwa wena, Daniyeli, wavalele amazwi, uyitywine incwadi, kude kube lixesha lokuphela:* . . .

107 Yintoni? Owu, haleluya! Ingaba niyayibona, klasi? Esi sityhilelo sikaYesu Kristu, nesaMandla Akhe, esoKuza Kwakhe, sexesha lesiphelo, sasitywiniwe kude kube leli xesha. Oko koko Azele kukwenza. Kufihliwe kwizifundiswa; akumangalisi bafuna ukuyenza, "kutywine," emva ngaphaya, ku "hayi abaprofeti," kunye nento yonke emva kude. Yingcaciso engagcwelanga. Kodwa umbono, lo mbono, ube utywiniwe de kube kanye apha ngoku. Kwaye phaya kulapho ndibeke ukholo lwam, okokuba uThixo uyakutyhila zona iiveki ezingamashumi asixhenxe. Amen! "Yitywine," Wathi, "de kube sekupheleni kwexesha. Wavalele aMazwi uze utywine iNcwadi kude kube sekupheleni kwexesha."

108 Yintoni Awayenzayo? Ukutywina umbono nesiprofeto! UDaniyeli waprofeta ezi zinto. Wayibona embonweni, kwaye iNgelosi yehla ukuza kutywina umbono, nokutywina isiprofeto.

Banganakho ukuyifunda, kodwa abanakuyiqonda, kude kube sekupheleni kwexesha. Ixesha lesiphelo, yintoni isiphelo sexesha? Isiphelo seeveki ezingamashumi asixhenxe, xana lankosana, umchasikristu, ayakutyhilwa, kweli xesha, ezenza uThixo. Sazi kanjani ukuba oku kutywiniwe kude kube lixesha? UDaniyeli wagqitha nje; esi sisahluko sokugqibela sikaDaniyeli.

109 UDade uSimpson undixelele ngale mvakwemini, uye wathi, "Mzalwana uBranham, ndifunde yonke iNcwadi kaDaniyeli. A—andikhange ndazi ngokungaphezulu xa bendisima, ndiyigqiba, kunokuba bendesazi xana ndaqalisayo." Nantsi, Dade uSimpson, ukuba ulapha ngobu busuku. Ndiyakholwa ndiyambona ehleli ngaphaya. Andizange ndatsho nto esikhojini. Ndathula, kuba ndacinga mhlawumbi ndiyakufika kuyo.

Kodwa, umbono awathi uDaniyeli waba nawo, ezantsi phaya emlanjeni, wawutywiniwe, "kude kube sekupheleni kwexesha." Iyi . . . Mandiqhubeke nje ndiyifunde apha. Yabona?

> *Kodwa wena, Owu Daniyeli, wavalele amazwi, uyitywine incwadi, kude kube* sekupheleni kwexesha: *abaninzi bayakuhla benyuka, kwaye ulwazi luya*kwanda.
>
> Ndaza *mna Daniyeli ndajonga, kwaye, khangela, nako kumi . . . ezimbini, . . . enye kwelinye icala . . . lomlambo, kwaye* enye kwelinye *icala eludini lomlambo.*
>
> *Yaza yathi enye indoda ethiwe wambu nge—ngelinen, eyayiphezu kwamanzi omlambo, Koda kube nini kube ukuphela kwale mimangaliso?*

Ngoku phulaphula.

> *Ndeva indoda eyambethe ilinen emhlophe, ebiphezu kwamanzi omlambo, xana yasiphakamisela phezulu ezulwini isandla sayo sasekunene kunye nesandla sayo sasekhohlo, yaza yafunga kulowo* ophila *ngonaphakade okokuba kuya kusa exesheni,* ixesha, *kunye nesiqingatha* sexesha; . . .

Ngoku, sifika kanye—kanye ngqo, "Ixesha, ixesha, kunye nesiqingatha sexesha." Ngoku qaphela xana sifika kwiiveki ezimashumi asixhenxe zikaDaniyeli, indlela okuya okuza ngayo. Okuya kuxana imfihlelo izakutyhilwa. Kulungile. "Ixesha, ixesha, kunye nesiqingatha sexesha."

> . . . *kwaye xana yena eza . . . ("yena,"* isimelabizo somntu ngoku, umchasikristu) . . . kuyakuphel- . . . *pheliswa pheliswa ukuhlekezwa kwamandla abantu abangcwele,* (oko kuxana esaphula umnqophiso wakhe embindini weveki), z*onke ezi zinto ziya*kuzaliseka. (Amen.)
>
> *Ndaza ndeva, kodwa andaqonda: ndathi ngoko mna, Owu . . . Nkosi, siyakuba yintoni isiphelo sezi zinto?*

*Yaza yathi, Hamba, Daniyeli: kuba amazwi avalelwe kwaye atywinwa kude* kube *lixesha le* . . . [IBandla lithi, "*Isiphelo*."—Mhl.]

Owu, musani ukukulibala okuya!

. . . kude *kube sekupheleni kwexesha.*

*Abaninzi bayakwenziwa nyulu, benziwe mhlophe, bavavanywe; kodwa abangendawo bayakwenza okungendawo: kwaye akukho namnye wabangendawo uyakuqonda; kodwa izilumko ziyakuqonda.*

110 UMyalezo wexesha lesiphelo uyakuyityhila; isigaba sebandla lokugqibela. Uzuko! Whew! Nantso ke! Owu, bethu! Iyandishukumisa, ukucinga ngayo, imfihlelo! izinto elithe ibandla lehlabathi laqhwanyaza amehlo alo, laza lathi, "Bubuvuvu." Imfihlelo yokuba yayinguBani uYesu Kristu; hayi uMntu wesithathu, hayi uMntu wesibini, hayi uMntu wesithathu, kodwa uMntu uThixo. Zonke ezi zingezinye iimfihlelo zikaThixo ziyakutyhilwa, ngokuba ibhaliwe apha kuleNcwadi, kwaye zityhilwe kwisizukulwana sexesha lokugqibela. Abanakho ukuphinda bayibone kwizikolo zecawa, nasemahlelweni, kunokuba amaYuda ayenokubona uYesu ekubeni enguMesiya. Akumangalisi bayakuzama ukucinga ukuba uphambene. Akumangalisi bacinga usisiyatha. Akumangalisi bengenakho ukuqonda kutheni ungaqhogani nabo. Ngokuba, kukho amandla kunye nombono emva kwawo, iLizwi likaThixo ebe lityhiliwe, ukwenza iBandla lilungele uXhwilo kunye nokuya eKhaya. Ewe. "Abaninzi bayakuhla benyuka, kwaye ulwazi luyakwanda." Ngokuqinisekileyo.

111 Ngoku, yintoni enye into eyakwaziwa? Khangela namhlanje, emabandleni. Nantsi. Ndiyathemba ayivisi kabuhlungu, kodwa ndifanele ndiyixele. Ukwenza . . .

112 Ngala mhla kuyakuvuka umchasikristu.

113 Ngoku, khumbulani xana sifika kuMatywina, lamchasikristu ukhwela ayokutsho ngaphaya kulooMatywina. UDaniyeli wathetha ngayo apha, "Inkosana eyakuza." Iyakunqanyulwa, uYesu uyakwenziwa, ukwenza uxolelaniso lwabantu. Kodwa, "La nkosana eyakusuka ime, eyakwenza isikizi lesiphanziso," leyo yayiyiRoma, ngoTitus. Kwaye eli xesha, yinkosana isiza iphuma eRoma, iyakuyenza. Kwaye iyakutyhilwa kumhla wokugqibela, ngoku phulaphulani, "ukuzenza uThixo," njengoko uMoya oyiNgcwele esilumkisa kumaTesalonika Esibini, i-2.

Masiye nje kuyo, AmaTesalonika Esibini, kwaye ngoko anisayi kuba nelizwi lam kodwa iLizwi likaThixo. AmaTesalonika Esibini, isahluko se-2 kunye nomqolo we-12. Masibone. AmaTesalonika Esibini, isahluko se-2 kunye nomqolo we-12. Masibone. Masiqaliseni ngasentla kokuya, umqolo we-7.

*Kuba imfihlelo yobugwenxa sele isebenza:* . . .

(Lona nguPawulos ethetha, ngoMoya oyiNgcwele.) . . .

*kuphela—kuphela* lowo *ngoku ubambezelayo asuswe, ade abe uyasuswa.*

Ngubani "Yena" apha? Ingaba ukho owaziyo? UMoya oyiNgcwele, "Lowo ubambezelayo."

*Kwaye ngoko* (xana) *lowa uNgendawo eyakutyhilwa,* . . .

Nini? Nje kwixesha uMoya oyiNgcwele ususwa, ntoleyo elungiselela ukumka kanye ngoku. Yintoni Yena amnkela yona? Ukuthabatha iBandla kunye naYe. "Ityhiliwe!" UPawulos ethetha, phantsi kwempefumlelo.

. . .*lowo iNkosi iyakumtshisa ngelizwi lomlomo wayo, kwaye iyakutshabalalisa ngokukhazimla kokuza kwayo*: (abangendawo, kakade)

*Kwalowo, ukufika ngokusebenza kukaSathana ngayo imisebenzi yonke yamandla nemiqondiso nezimanga zobuxoki,*

"Silelona bandla likhulu. Sinako *oku*. Sinako *oku*. Nonke nina nihlanganisiwe," yabona. "Singabona bakhulu." Imimangaliso yobuxoki!

Kunye nako konke . . . ukungalungisi kwabo batshabalalayo; *ngenxa enokuba bengakwamkelanga ukuyithanda inyaniso, ukuze basindiswe.*

*Nangenxa yoko uThixo* uba thumela ulahlekiso *olusebenza ngamandla, ukuze bakholwe bubuxoki bakholwe bubuxoki:*

Kwaye *nokuba . . . ukuze bagwetywe bonke abangakholwanga yiyo inyaniso, kodwa* basuka *bakholiswa kuko ukungalungisi.*

114 Niyayifumana? Owu, bethu! Ngoku, uPawulos ethetha. Ixesha xana Itywina likaThixo lisaziswa, uMoya Wakhe, iGama Lakhe, ubabalo Lwakhe, zonke ezi zingezinye iimfihlelo ezivelayo ngoku, izicwangciso zeBandla Lakhe zokuya kuXhwilo; ukuthululwa koMoya oyiNgcwele ukwenzile oku. Oko koko Akwenzileyo kwimihla yokugqibela.

115 Ngoku, masibone. Ingaba sinalo ixesha lale yokugqibela? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Okwesithandathu, "Ukuthambisa iNgcwele." Owu, bethu! Nantsi enye! Into yokugqibela Amele kukuyenza, yintoni? Ngoku, masibuyele emva ngaphaya kuDaniyeli, sifumanise yintoni yonke amele kukuyenza kanye apha. "Iiveki ezingamashumi asixhenxe." Yintoni emele kukufezekiswa ngeli xesha? Kulungile.

. . .*zibekelwe phezu kwabantu bakowenu kunye* . . . *umzi wakowenu, ukuphelisa* ubugwenxa (ubugwenxa

babantu), . . .*sibhangiswe* isono (ukwenzela abantu), *noku*canyagushelwa *kobugwenxa* babo, *nokuzisa ubulungisa banaphakade* (ukwenzela amaYuda), *nokutywina umbono nesiprofeto* (de kube lixesha lesiphelo), *nokuthambisa iNgcwele.*

Eso sisizathu esintlantlo-ntandathu sokuza Kwakhe.

116 Ngoku, "ukuthambisa eyona Ngcwele." Ngoku, oko kungaba kokungaqhelekanga kancinci nje okomzuzu, kwabaninzi benu bafundisi, kodwa ngoku nje yibambeni nje umzuzu, nje ukubona indlela ephuma ngayo.

117 Lena yintambiso, hayi eyomntu. UYesu sele ethanjisiwe. Injalo lonto? INcwadi yeZenzo yatsho ukuba uThixo wamthambisa uYesu ngoMoya oyiNgcwele; Wajikeleza esenza okulungileyo, nokuphilisa abagulayo, kunye nanjalo njalo. UYesu, selekwenzile. Yena nguMesiya. Kwaye *UMesiya* uthetha "Lowo uthanjisiweyo." Ingaba injalo? Kodwa apha kwixesha lesiphelo, Yena umele athambise eyona Ngcwele.

118 Yintoni "eyona Ngcwele"? Kwindlela yokuyibona kwam, ntoleyo endikholelwayo ndingayibonisa ngeSibhalo, kukuthambisa "eyona Ngcwele," ntoleyo iyakuba nguMnquba oyakusetyenziswa ngeMillennium. Ngoku phulaphulani, niyabona kutheni ndiyifumana. Ichaziwe ku Hezekile, i— isahluko se-4, i. . .Hayi, ndithetha isahluko sama-43, owo-1 no-6 umqolo. Masibuyela emva kuHezekile size sifumanise ukuba uyibona njani iMillennium, indlela abayakuyithambisa ngayo i. . .UHezekile ama-43, kwaye masifunde nje kancikane apha ngoku size sibone into Azakuyenza kule Millennium, ukuthambisa. KuHezekile ama-43, kulungile, kwaye ngoku masiqaliseni ngowo-1, ukuya kowe-6 umqolo. Ningafunda yonke into emveni kokuba nifike ekhaya, kakade, nina ababhala phantsi, uHezekile ama-43. "Emveni koko . . . "

119 Ngoku, qaphelani, inkcazelo yeTempile emele ukwakhiwa kwiMillennium. Ngoku, nabani, nawuphi umlesi owaziyo, ukuba kusukela ku Hezekile isahluko sama-40, kude kubemalunga nesahluko sama-44, asiyonto ehlabathi kuphela iTempile yeMillennium imiswa emhlabeni, (nabani uyakwazi oko, yabona), xana uzuko lweNkosi luzalisa oko, kunye nanjalo njalo ngolwahlobo. Ngoku thina si. . .zachaza nje iTempile kwisahluko sama-43, kunye nomqolo wo-1 ukuya kumqolo we-6.

> Emveni *kokuba wandizisa esangweni, kwa isango* elibheke *endleleni yangasempumalanga:*
>
> *Kwaye, nabo, ubuqaqawuli buka. . .Thixo kaSirayeli busiza buvela ngendlela yangasempumalanga: kwaye isandi sabo sinjenge*sandi *samanzi amaninzi: kwaye ihlabathi lakhanya bubuqaqawuli.*

> *Kwaye yayingokwembonakalo yombono endawubonayo, nongokombono endawubonayo xana ndeza kutshabalalisa umzi: kwaye* umbono wa*wufana* no*mbono endawubonayo ngasemlanjeni iKebhare; ndaza ndawa ngobuso bam.*
>
> *Kwaye ubuqaqawuli bukaYEHOVA—ubuqaqawuli bukaYEHOVA beza endlwini ngendlela yesango* elibheke *ngasempumalanga.*
>
> *Ke umoya wandifukula, wandisa entendelezweni ephakathi; kwaye, khangela, ubuqaqawuli bukaYEHOVA buyizalisile indlu.*
>
> *Ndaza ndeva* othetha *kum esendlwini; kwabakho umntu omi ecaleni kwam.*

120 Ukuthambisa, ukuthambisa laTempile ukwenzela ulawulo lweMillennial. Ngoku qwalasela kwiLevitikus. Ngoku qaphela indlela eyanikezelwa ngayo kwiLevitikus. Ngoku, ukuba sibuyela kwiLevitikus, sifumana xana uMoses wathambisa itempile. Masibuyele nje emva ngelixa sisekuyo. Sineliya lingako ixesha. Kwaye masibuyele emva kwiLevitikus size sifumanise xana uMoses wathambisa itempile, kwiLevitikus isahluko se-8.

121 Owu, ndiyakuthanda nje ukuthelekisa ezi Zibhalo kwiZibhalo. Anikuthandi? Kwaye ngoko ni—nifumana nje u—u—uluvo loko—loko sikhangela kona noko sikwenzayo. Ngoku, nabani kuni uyaqonda ukuba sisebenzisa nje iSibhalo ngoku nangoko, kuyo.

122 Ngoku, isahluko se-8 seLevitikus, kwaye ndibhale phantsi apha, umqolo we-10. Qaphela iLevitikus i-8:10. Masibone.

> *Wayithabatha uMoses i-oli yokuthambisa,* waza wagalela i-oli yokuthambisa, *wawuthambisa umnquba nento zonke ezazikuwo, wazingcwalisa.*
>
> *Waza . . . wafefa ngenxalenye yayo phezu kwesibingelelo izihlandlo ezisixhenxe, . . . wathambisa isibingelelo kunye nazo zonke izitya, nohehema lwesitya sokuhlambela noseko lwalo, ukuya* kwi . . . *ukuba zingcwaliswe.*
>
> *Waza wagalela . . . i-oli yokuthambisa phezu kwentloko ka Aroni, wamthambisa, ukuze amngcwalise.*

123 UMoses, entlango, engcwalisa, okanye ethambisa umnquba wokunqula, ukwenzela abantwana bakaSirayeli xana babesendleni yabo. Wathanjiswa.

124 Ngoku, kwiZikronike Zesibini, tyhilani ngaphaya, kwaye siyakubona ukunikezelwa okokuba xana uMoya oyiNgcwele wathabatha isihlalo Sawo emnqubeni, kwaye qaphela okwenzekayo ngoku. KwiZikronike Zesibini isahluko se-

5, kwaye masiqaliseni kumqolo we-13. IZikronike Zesibini isahluko se-5, size siqalise kumqolo we-13.

> Kwathi *ke . . . kwenzeka, njengoko* amaxilongo *kunye* neemvumi *zazi . . . ukwenza ingxolo enye ukuba iviwe . . . iindumiso* nombulelo *kuYEHOVA; kwathi xana bephakamisa* amazwi *abo ne*xilongo *kunye nangamacangci nange*e*mpahla zokuvuma, nango*kudumisa *uYEHOVA, nokucula, Kuba ulungile;* kwaye iinceba *zakhe zingunaphakade: yesuka indlu yazala lilifu, lendlu kaYEHOVA;*
>
> *Ababingeleli ke baba nokuma . . . ababingeleli ababa nakuma babingelele ngesizathu selifu: kuba ubuqaqawuli bukaYEHOVA bayizalisa indlu kaThixo.*

125 UThixo weza kwingcwele eyayizakuthanjiswa, yaze yanikezelwa kuYe ukwenzela abantu beze kunqula. Ke, ukuthambisa, hayi indawo "yakho engcwele", kodwa ukuthambisa "eyona iNgcwele" indawo. Kwaye siyaqaphela, ukuba, iYerusalem Entsha ye "yona iNgcwele" indawo. Kwaye intambiso iyakuba phezu kweYerusalem Entsha ehla isuka kuThixo iphuma eZulwini, ilungiswe njengomtshakazi elungiselelwe umyeni wakhe. Intambiso iyakuba phezu kwabo.

126 Ngoku, xana uZerubhabhel wanikezela itempile yakhe, emveni kokuba yakhiwe kwakhona, ayizange yathanjiswa kwakhona, ngokuba yayisele ithanjisiwe; kwaye yadilizwa, kwaye yayiyalelwe nje kwakhona. Ukutshatyalaliswa okwayizelayo. Yayiyalelwe kwakhona yamiswa, ke kwakungekho kuthanjiswa kwayo kwakhona. Xana ngelinye ixesha yakhe yathanjiswa, okwa kwaqhubeka, kwaye kuhamba de ibe leli kanye ixesha. Kodwa xana uThixo emisa uMnquba weMillennium, Uyakuthambisa eyona Ngcwele; hayi "ingcwele yakho," kodwa "eyona Ngcwele."

127 Kodwa xana uKumkani ethabatha iTrone Yakhe kangangewaka leminyaka, (Uzuko!) uphelile ngoku. Ukuthanjiswa kweyona Ngcwele iyakuba yinto yokugqibela ukwenzeka. Xana uMnquba umisiwe; uvuko lufikile; amaYuda ebuyele; uKristu kunye noMtshakazi Wakhe befikile; umYuda, ikhulu elinamanci amane anesine lamawaka etywiniwe; iMillennium yenzekile. Kuyakubakho ukuthanjiswa xana eyona Ngcwele indawo iyakuthanjiswa; ingcwele, eyona Ngcwele kangcwele, kunye neyona Ngcwele. Xana, eyona iNgcwele indawo engcwele apho uThixo ahlala khona, phakathi kweeKerubhi. Kwaye, eli xesha, uKristu uyakuhlala kweyona iNgcwele indawo, kunye nentambiso phezu Kwakhe. Kwaye abayi kudinga langa phaya, kuba iMvana esazulwini soMzi iyakuba kukuKhanya. Ilanga aliyi kutshona kulaMzi, njengoMalume uJim omdala wayeqhele ukutsho. Kwaye alisayi, ngokuba uKristu uyakuba kokwakuKhanya, Lowo

uthanjisiweyo. Kwaye uKumkani uyakuza aze athabathe iTrone Yakhe kangangewaka leminyaka, ukuba alawule.

128 UYeremiya i-3:12-18, ngokuhlanganeyo, masiyifundeni. Ngaphaya kuYeremiya isahluko se-18, ndiyakholwa. Ehe. Hayi, isahluko se-12, ndixoleleni, isahluko se-12 sikaYeremiya, kwaye masiqaliseni ngayo i—i. . .uYeremiya i-3, ndixoleleni. UYeremiya i-3, ndiyi—yibhale phantsi apha, apho, ngelixa ndiyifundisisayo, uMoya oyiNgcwele undisa kwindawo ukuya kwindawo, ndiye nje ndabhala ezi phantsi ngokungcono endiye ndabanakho. UYeremiya i-3, kwaye ngoko owe-12 ukuya kowe-18, ngokuhlangeneyo. Masiyifundeni.

> *Yiya umemeze la mazwi* ngase*ntla, uthi, Buyelani, nina* nigwilikileyo *Sirayeli, utsho uYehova; kwaye andiyi kubangela* owam—owam. . .*kubangela umsindo* wam *uwele phezu kwenu: Ngokuba ndinenceba, utsho uYEHOVA, andiyi kuba nanqala ngakuni ngonaphakade.*
>
> *Kuphela buvumeni ubugwenxa benu, ngokuba nikreqile kuYEHOVA uThixo wenu, waziphangalalisa iindlela zenu kw*abasemzini *ngaphantsi kwayo yonke imithi eluhlaza,. . .*

Yilonto abayenzileyo, ukusuka empumalanga, ntshonalanga, sonke isizwe. Yabona?

> *. . .kwaye aniliphulaphulanga* ilizwi*, ilizwi lam, utsho uYEHOVA.*

"Buyani!" Phulaphulani koku.

> *Buyani, Owu bantwana* abagwilikileyo*, utsho uYEHOVA; kuba ndi (t-s-h-a-t-i- -e). . .nditshatele kuni:. . .*

"Amehlo abo ayemfanyekisiwe, ngokuba ndinika iiNtlanga ithuba. Kodwa, buyelani, kuba nditshatele kuni."

> *. . .ndiyakunithabathela abemnye emzini, babe babini kwimizalwane,. . .*

Asingabo bonke abazibiza amaYuda abayakungena. Kodwa ela qela lanyuliweyo liyakungena, laa Bhenjamin mncinci ovela ezantsi phaya phambi koYosefu, ela qela eliphuma kuso sonke isizwe, abemnye ophuma esixekweni, nophuma kwimizalwane.

> *. . .ndinizise eZiyon:*
>
> *Kwaye ndiyakuninika* umalusi *ngokwentliziyo yenu, oyakunondla ngolwazi nokuqonda.*
>
> *Kwaye kuyakwenzeka, xana nithe nanda naqhama elizweni, kulomihla, utsho uYEHOVA, bangabi sathi, I—ityeya yomnqophiso kaYEHOVA: ingathi qatha engqondweni: ingakhunjulwa; abayi—kuyihambela; ingayi kuphinda yenziwe kwakhona.*

*Ngelo xesha bayakuyibiza iYerusalem itrone kaYEHOVA;* (njengokuba Yena eyakuba phaya, yabona), *kwaye sonke* isizwe *siyaku*xhontelana (haleluya) *kuyo,* ne*gama liYehova, eYerusalem: bangabi salandela ukuqikelela* kweengcinga zabo ku*bubi bentliziyo* yabo *embi.*

129 Kuxa la Mzi uyakuthanjiswa. Kuxa iYerusalem Entsha iyakuthanjiswa. Kwaye zonke izizwe zoMzi . . . Ngaphaya kwiZityhilelo isahluko sa-22, ithi amasango awayi kuvalwa ebusuku, kuba akuyi kubakho busuku phaya. Kwaye zonke iikumkani zomhlaba ziyakuzisa intlonelo nozuko lwazo kuwo loMzi. Iindonga zawo ziyakuba yiyaspire nelitye lesardisi, amatye azintlobo ezilishumi elinambini; kwaye amasango alishumi elinambini ayakuba yiperile enye eyomeleleyo, nganye kwisango ngalinye. Akuyi kubakho sidingo sakhandlela phaya. Akuyi kubakho kukhanya kwalanga, kuba iMvana esesazulwni soMzi iyakuba kukuKhanya. Kwaye Iyakubakhokelela abantu Bayo kuBomi obungunaphakada. Kuyakubakho imithi emibini imile, omnye kwicala ngalinye lomlambo, kwaye iyakuba yeyempiliso yesizwe. Lowo nguLowo uthanjisiweyo oyakuza, uMzi oNgcwele usihla usuka kuThixo uphuma eZulwini, usiza emhlabeni.

130 Masithabatheni ngoku okuyakwenzeka ngela xesha. Owu, ingaba niyayithanda? Masityhileni ku Isaya ama-65, nje umzuzu. Intle kakhulu ukuba siyitsibe. Intle kakhulu ukuba nje siyishiye. Kungaba shushwana, kodwa masiqhubekeni nje.

131 Ku Isaya ama-65, phulaphulani into eyakwenzeka ngela xesha. Kwaye nje zibuze, sihlobo esingumoni, ukuba—ukuba ningakwazi ukukuphosa oku. U-Isaya ama-65, masiqaliseni malunga nomqolo we-17. Phulaphulani, wonke umntu, zondelelani ngoku. Oku kungexesha leMillennium, xana eyona Ngcwele ithanjiswa.

*Ngokuba, niyabona, ndiyakudala amazulu amatsha no . . . mhlaba omtsha: angakhunjulwa awokuqala, angenyuki athi qatha engqondweni.*

*Kodwa nina . . . yibani nemihlali nigcobe . . .* yiloo *nto ndiyidalayo: kuba, khangelani, ndidala iYerusalem . . . Ndidala iYerusalem,* (leyo yiYerusalem Entsha), *u*kugcoba, *nabantu bayo ukuba babe nemihlali.*

Yintoni intambiso? Uvuyo lweNkosi.

*. . . dala iYerusalem* igcobe*, nabantu bayo babe nemihlali. Kwaye ndiyakugcoba ngeYerusalem, . . .*

IKumkani eTroneni, kubungangalala bobukhosi beTrone, iTrone yaNaphakade, kunye nabantu baNaphakade nemihlali yaNaphakade kuMzi waNaphakade! Owu, bethu!

*Ndiyakugcoba ngeYerusalem, ndibe nemihlali ngabantu bam: kwaye ilizwi lokulila lingabi savakala kuyo, nelizwi lokukhala.*

*Akuyi kuba savela . . . sana olunentsuku, nexhego elingayi*zalisanga *imihla yalo: kuba umntwana uyakufa engominyaka ilikhulu ezelwe; kodwa umoni atshabhiswe engominyaka ilikhulu ezelwe.*

*Kwaye bayakwakha izindlu, bazihlale; . . . bayakutyala imidiliya, kwaye* baya*kutya isiqhamo sayo.*

*Abayi kwakha, aze omnye ahlale;* (oko kukuthi, uyafa aze unyana wakho athabathe indawo yakho) . . . *bakhe, omnye ahlale; abayi kutyala, aze omnye atye* oko: *kuba njengemihla yomthi* iya*kubanjalo imihla yabantu bam, kwaye abanyulwa* bam *bayakudla* imisebenzi *yezandla zabo imihla emide benemihlali.*

*Abayi kuzixhamla ngokulambathayo, bazalele ukhwankqiso; ngokuba bayimbewu ayisikeleleyo uYEHOVA, nabaphume ezibilinini zabo banabo.*

*Kuyakuthi, . . . bengakabizi, ndiyakuphendula; . . .* (La ntambiso izukileyo, emva kweKherubhi!) . . . Ndiyaku*phendula; kwaye besathetha, ndiyakuva.*

*Ingcuka nemvana ziyakudla kunye, . . . ingonyama iyakutya umququ njengenkomo:* u*thuli luyakuba kukudla kwenyoka.* Kwaye *aziyi kwenza bubi zingayi konakalisa kuyo yonke intaba yam engcwele, utsho uYEHOVA.* (Ningayiphosa? Hayi!)

132 Buyela msinyane apha kwakhona, kunye no Isaya ethetha kwakhona, kwisahluko se-11, umqolo wo-1 ukuya kowe-9. Phulaphulani oko akutshoyo apha kwakhona, xana efumana umbono, emveni kokubona abafazi, indlela abayakwenza ngayo kwimihla yokugqibela. Ni- . . . Kuhle, u-Isaya i-11, ukuya kwi-1.

*Kwaye kuphuma igatya esiphunzini sikaYese, . . . iSebe* eliya*kuqhama liphuma ezingcanjini zakhe:* (Yayingubani lowo? UKristu.) . . . *liphuma ezingcanjini zakhe:*

*Kwaye umoya kaYehova uyakuphumla phezu kwakhe, umoya wobulumko, wokuqonda, umoya wecebo . . . wobugorha, umoya wokuqonda kunye . . . ukoyika uYEHOVA;*

*Kwaye uyakumenza akhawuleze ukuqonda ekoyikeni uYEHOVA: kwaye akayi kugweba ngokubona kwamehlo akhe, anga . . . ngokokuva kwendlebe zakhe:*

*Kodwa ngobulungisa uyakugweba abasweli, akhalimele* izikreqo *zabo ngenxa yabalulamileyo bomhlaba: kwaye uyakulibetha ihlabathi ngentonga*

*yomlomo wakhe, ambulale ongendawo ngomoya wemilibe yomlomo wakhe.*

*Yoba bubulungisa iqamesi lesinqe sakhe, ibe yintembeko iqamesi lamanqe akhe.*

Kwaye *ingcuka kananjalo iyakuhlala nemvana, nengwe ibuthe netakana lebhokhwe* (leyo yibhokhwe); *nethole nengonyama entsha nenkomo etyetyisiweyo* . . . okanye ithole, okanye *ingonyana kunye nenkomo etyetyisiweyo; kwaye umntwana omncinci uyazikhokela.*

*. . .inkomo kunye nebhere ziya kudla;. . . amankonyana azo* (kwaye) *ziyakubutha ndawonye: kwaye ingonyama iya kutya umququ* njengenkomo.

*Kwaye umntwana owanyayo uyakudlala* phezu *komngxunya wephimpi, nomntwana olunyulweyo uyakubeka isandla sakhe elukhozweni lweliso lerhamba.*

Aziyi konakalisa okanye *kutshabalalalisa kuzo zonke* iintaba *ezingcwele zam: kuba umhlaba uyakuzala lulwazi. . .njeng*amanzi egubungela *ulwandle.*

Hum! Okuya kukula Yerusalem Intsha. Leya “intsha” yona. *Isebe*, apha, libhekiselele kwi, leSebe likaDavide. “UliSebe neHlumelo.”

133 Ngoku, emveni koku, uMtshakazi uyavela. Emveni kweeveki ezingamashumi asixhenxe, uMtshakazi uvela kwiZityhilelo isahluko se-19, owo-1 no-16 umqolo. Ufika kunye noMyeni Wakhe, uKumkani onamandla. Owu, bethu! Andiyazi nokuba sizakuyifumana yonke okanye hayi. Nje yifumane ukuze . . .

Kuhle, masifundeni nje indawo yayo, kakade. Apha kulapho uMtshakazi uyakuza, emveni koku. Yabona? Emveni kokungena kweMillennium, emva koko uKristu uyabuya kunye noMtshakazi. Kanye, i-1 ukuya ku-16, kunye nesahluko se-19.

*Emva kwezi zinto . . .*

Emveni kweNtshutshiso; emveni kooYeha; emveni kwaMatywina; emveni kweZibetho; emveni kokulahlelwa ngaphandle kukaSathana; emveni kokubekwa kweMillennium. Qaphelani!

*. . .emveni kwezi zinto ndeva i. . .zwi labantu abaninzi ezulwini, lisithi, Haleluya; Usindiso, nozuko,. . .nembeko,. . .namandla ngaweNkosi uThixo wethu:*

*Ngokuba iyinyaniso kwaye inobulungisa* imigwebo yakhe: *ngokuba uligwebile ihenyukazi elikhulu, elo laliwonakalisa umhlaba* ngombulo *walo, waze waliphindezela igazi labakhonzi bakhe esandleni salo.*

*Kwaza kwakhona* wa. . .*ba*. . .*Kwaza kwakhona bathi, Haleluya. Waza umsi walo wanyuka use emaphakadeni asemaphakadeni.*

Elo lelidala ibandla elilihenyu, "umsi walo wenyuka."

*Aza amadoda amakhulu angamashumi amabini anesine kunye nezilo ezine zaqubuda zamnqula uThixo lowo uhleli* phezu *kwentrone, zisithi, Amen;* Haleluya.

*Laza izwi laphuma etroneni lisithi, Mdumiseni uThixo wethu—Mdumiseni uThixo wethu, nonke bakhonzi bakhe, kunye nani abomoyikayo, abancinci nabadala.*

*Ndaza ndeva yanga lizwi lesihlwele esikhulu,*. . .

Phulaphulani! Nantsi, Bandla. Emveni kokuba linyukile kwisahluko se-3, nali Libuya. Yabona? Kwaye ngoku umqolo we-6.

*Ndaza ndeva yanga yayilizwi lesihlwele esikhulu, kunye nanjengezwi lamanzi amaninzi, nanjengezwi* lendudumo *enkulu, lisithi, Haleluya: ngokuba iNkosi uThixo uSomandla iyalawula.*

Haleluya! Qaphela! Umtshato weMvana uyeza ngoku. Apha Yena uyeza.

*Masivuye sigcobe, siyizukise: ngokuba ufikile umtshato weMvana, umfazi wayo* uzi*lungisile.* (Nanku Yena esiza, bobabini, UMtshakazi noMyeni.)

*Wanikwa ukuba athiwe wambu ngelinen ecikizekileyo, emhlophe ecocekileyo: ngokuba ilinene ecikiziweyo bu*. . .*bulungisa babangcwele.*

*Waza* wathi *kum, Bhala, Banoyolo abo babizelwe esidlweni* somtshato *weMvana. Waze* wathi *kum, Lana nga*. . .*yinyaniso amazwi kaThixo.*

*Ndaza ndawa* phantsi *ezinyaweni zakhe ukuba ndimnqule. Waza wathi kum, Lumka* ungenzi *njalo: Ndingumkhonzi kunye nawe,*. . .*abazalwana bakho* kwaye *ndine*. . .*abazalwana bakho* kwaye *ndinobungqina bukaYesu: nqula uThixo: ngokuba ubungqina* (bukaKristu) *bukaYesu ngumoya wesiprofeto.*

*Ndaza ndabona izulu livulekile, kunye*. . .*nehashe elimhlophe;*. . . (owu bethu!). . .*kwaye lowo* uhleli phezu kwalo. . .*wabizwa uThembekile noNyaniso, kunye*. . .*ugweba ngobulungisa kwaye* esenza *imfazwe.*

Kwaye *amehlo akhe* aye*njenge*langatye *lomlilo, ne*. . . *ntloko yakhe izizithsaba ezininzi;*. . .

Wathweswa ntoni? "Kumkani yeekumkani."

. . .*enegama libhaliwe, elingaz*iwa *namnye kodwa*. . . *ungenguye.*

*Kwaye wathiwa wambu ngengubo ethiwe nxu egazini: kwaye igama lakhe labizwa iLizwi likaThixo.*

"Ekuqalekeni wayekho uLizwi, uLizwi wayenguThixo. Kwaye iLizwi lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu." Lalingubani? UYesu.

*. . . kwaye igama lakhe libizwa iLizwi likaThixo.*

*Kwaye imikhosi eyayisezulwini yalandela yena iphezu kwamahashe amhlophe, benxibe ilinene ecikizekileyo, emhlophe necocekileyo.* (Uzuko! Nanku Yena esiza.)

*Emlonyeni wakhe* kuphuma *ikrele elibukhali, ukuze . . .* nokuze lisithi *qwaka* isizwe*: kwaye . . . uyakuzilawula ngentonga yentsimbi: kwaye uyakunyathela isixovulelo sewayini yomsindo nengqumbo kaThixo uSomandla.*

*Kwaye engutyeni yakhe nasethangeni lakhe kubhalwe igama, KUMKANI KA*KUMKANI, *NONKOSI KA*NKOSI.

134 Yayiyintoni? Abantu bakhe babesandula kumthwesa Yena iKumkani yekumkani, neNkosi yeenkosi. Ukubuyela emva kwiTempile Yakhe engcwele, ethanjiswe ngoBukhona bukaThixo, ukuze ahlale aze alawule kwiMillennium kunye neBandla Lakhe. Amen! Ukubonakala, kunye neKumkani enamandla, ukuthabatha indawo Yakhe ecaleni Layo, entsha ethanjisiweyo yasebukhosini iTempile.

135 Ngoku injongo entlantlu-ntandathu yesiTyhilelo i-6:1 ukuya kwiSityhilelo i-19:21 izalisekile.

136 Phulaphulani ngoku, ekuvaleni. Amatywina Asixhenxe, Amaxilongo Asixhenxe, Izibetho Ezisixhenxe, Ooyeha Abathathu, umfazi elangeni, ukukhutshwa komtyholi, okanye inamba ebomvu, kuza phakathi kwala maxesha ngexesha lexesha leNtshutshiso enkulu. Musani ukuyilibala. Zonke ezi zinto zenzeka ngeli xesha.

Kodwa nasi isizathu esintlantlu-ntandathu soKuza Kwakhe. Ingaba niyayikholelwa? Elinjani ukuba lelizukile ixesha eligcinelwe abo bayithandayo iNkosi! Ndiyakuxelela, sihlobo, asinakukwazi ukukuphosa okuya. Musa ukukuphosa okuya, nantoni na oyenzayo. Qiniseka!

137 Ngoku, kwiCawa elandelayo, ukuba iNkosi ithandile, Ndifuna ukuzisa, ukuba Iyakundinceda, ukubonisa nje ngqo apho nganye yezo ntsuku zisixhenxe, apho zenzeka khona, ukuzisa into ekwanye—into ekwanye endiyenzileyo namhlanje, ndize ndibeke loo maxesha asixhenxe, iiveki ezisixhenxe, iiveki ezingamashumi asixhenxe kanye kwindawo yalangcwele yamaYuda, ndize ndibonise nje kanye apho siphila khona apha ekupheleni, iNkosi ithandile.

138 Ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ungakwazi ukuphosa iZulu? ["Hayi."] Sisekupheleni kwexesha!

Yintoni Azele kuyenza? Into yokuqala eyakwenzeka, ngaphambi kokuba uYesu eze emhlabeni, yintoni into yokuqala? IBandla liyakuba (intoni?) xhwiliwe! Ingaba uYesu uyakuza emhlabeni ajikeleze engcwabeni, aze axhawule izandla utata nomama, athethe nathi sonke apha, aze anyukele phezulu? Hayi!

Iyakubanjani? I. . . Siyakutsho oku kuni, ngalo—ngalo iLizwi leNkosi, "Thina abasadla ubomi nabaseleyo. . ." AmaTesalonika Esibini, isahluko se-5, "Thina abasadla ubomi nabaseleyo eKubuyeni kweNkosi, asisayi kubaphangela okanye ukubathintela abo abaleleyo. Kuba ixilongo likaThixo liyakukhala; abafele kuKristu bayakuvuka kuqala: size thina abasadla ubomi nabaseleyo siyakuxhwilelwa phezulu kunye nabo ukuya kuyihlangabeza iNkosi esibhakabhakeni." Siyakuxhwilelwa simke ngesiquphe, ngokuqhwanyaza kweliso. Ngeliya xesha, oko kuphelisa iSigaba seBandla.

139 Ngoko, ezantsi apha emhlabeni uThixo uqalisa ukuqubisana namaYuda. Kuyakubakho abaprofeti ababini. Isahluko se-11, siyakukuchola okuya. Ababini abathanjisiweyo abaprofeti, njengo Eliya noMoses, endicinga ukuba ngabo. Kwaye bayakuzisa iziqalekiso ezinkulu, emveni kokuba bebonile ukuba baqokelele, kwaye iRoma yaphula umnqophiso wayo, la nkosana.

Embindini wale veki yeshumi elinesixhenxe, iyakwaphula umnqophiso neRoma, okanye iRoma iyakwaphula umnqophiso noSirayeli, kwaye oko kuyakubangela isikizi liqalise ukusasazeka. Kwaye kuyakubakho impuphuma enkulu, xana intsalela yeNtlanga, intombi eleleyo. . . Inamba, iRoma, yatsica amanzi emlonyeni walo, ukuba lenze imfazwe nentsalela yembewu yomfazi ethe yagcina imithetho kaThixo. IRoma iyakukwenza oko.

140 Ingqungquthela yecawa iyakubahlanganisa bonke, ize izise amaYuda kule ngqungqethela, ize iwabuyisele kunqulo lwetempile yawo kwakhona, ku ITSHO INKOSI ophuma eBhayibhileni, kwaye ayakuba nebandla lawo.

141 Ayinto ngoku? Ndiyifumene nje ngoku. Ngokutsha. Ngoku asisizwe, ayaqondwa. Ingaba kunjalo? Kodwa awanalo unqulo lwetempile yawo okwangoku. Kwaye xana baseka unqulo lwetempile, iBandla liyakube limkile. UThixo uyakube equbisana namaYuda njengesizwe. Kwaye ngoko xana besiziswa kulengqungquthela, iRoma iyakuwaphula embindini womnyaka wamashumi asixhenxe, emithathu nesiqingatha iminyaka, uyakuwaphula la mnqophiso kunye nawo, ize ibangele isikizi eliphanzisayo lwandele entshabalalisweni. Emva koko uyakuthabatha iProtestanti, nomYuda, aze abatshutshise. Ngela

xesha, aba baprofeti babini bayakuma baze bawuqalekise umhlaba, ukuba akuyi kuna mvula kwimihla yokuprofeta kwabo. Kwaye bayakubiza uMlilo eZulwini, nayo yonke into engenye. Linda nje wena. Sinokuninzi okulele apha, okubekelwe thina, ukuba sifunde.

142 Owu, onjani ukubamkhulu uThixo anguye! Onjani ukuba nenceba uBawo! Zihlobo, mandikutsho oku, njengomalusi wenu. Aniqondi iinyhweba eniphila phantsi kwazo. Aniqondi. Kukho amadoda amaninzi amakhulu, kukho abangcwele abaninzi, kukho amawaka amadoda angcwele athi afa kwiminyaka eyagqithayo, Amadoda azaliswe ngumoya ebengathanda ukuba ngewayewubonile lo mhla eniphila kuwo. Masiwuxhamle mna nawe.

143 Yintoni engenye esinayo esikhangela kuyo? Yintoni enye esingayenza emveni koku? Kuphi apho siya khona? Yintoni ezakwenzeka? Kufanele siye ndaweni ithile. Aninakuhlala apha lonke ixesha. Ningacheba ingca yenu; kwiveki elandelayo ifuna ukuchetywa kwakhona; ehe, kabini, ngaphambi kwela xesha. Ungakhulisa abantwana bakho. Ubatyise idinala yabo; ngexesha lesopholo balambile kwakhona. Ubatyise isopholo; balambile kwakhona kwintsasa elandelayo. Ubathengela ipere yezihlangu; ukuba bafana nabam, malunga nezimbini okanye ezintathu iinyanga ubathengela enye ipere. Ubathengela iimpahla ngale nyanga; inyanga okanye ezimbini ubathengela iimpahla ezitsha. Yabona? Akukho nto iqhubekekayo. Akukho nto izinzileyo. Akukho nto enokuma.

Unganqweneli ubutyebi obungendawo beli hlabathi,
Obubola ngokukhawuleza kangako,
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Azisayi kudlula!

Ixesha lizele kukuguquka okukhawulezayo,
Akukho nto emhlabeni engenakushukunyiswa eyakuma,
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

Phulaphulani:

Xana uhambo lwethu lugqityiwe,
(Uyakusazisa Yena xa luphelile.)
Ukuba kuThixo besinyanisekile,
Lihle kwaye liyakhanya ikhaya lethu eLuzukweni, (La Mzi uthanjisiweyo.)
Umphefumlo wethu oxhwiliweyo uyakulibona!

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

Unganqweneli ubutyebi obungendawo beli hlabathi,
Obubola ngokukhawuleza kangako,
Yakhela nje amathemba akho kwizinto zaNaphakade,
Azisayi kudlula!

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

Njengoko siqubuda intloko yethu, ukuba akuzange wathabatha isandla Sakhe, akunakuza nje uyenze ngoku?

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

144 Ntombi encinci, uyentle, intombazanana encinci ngoku. Iinwele zakho zintle, izidlelana zakho zibomvu. Kodwa, uyayazi, nje izakuba ngungomso, de, ziyakunyamalala. Sazi kanjani kuphela kwiveki ezayo iintsholongwana aziyi kutya, emhlabeni, ezo zintle, zincinci, izidlele ezibomvu?

145 Mzalwana osemtsha, womelele, mkhulu, izoso ezomeleleyo; unolangazelelo olukhulu. Kodwa emveni kwethuba, nje ngomso, eziya zintle, iinwele ezijijekileyo ziyanyamalala, kwaye onazo eziseleyo nazo ziyakubangwevu. Lawo makhulu,

amagxa olulekileyo ayakugoba, neentsholongwane ziyakutya ezingalweni nasenyameni. Ziyakukuthwala zimke nawe, zikuse eluthulini.

> Ke, yakhela amathemba akho kwizinto zaNaphakade,
> Azisayi kudlula!
>
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
> Bambelela kwesikaThixo . . .

Ndifuna nifikelele phezulu nize nibambe isandla Sakhe ngoku.

> Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
>
> Ngoko xana oluhambo lugqityiwe, (Liyakuba njalo, ngenye imini.)
> Ukuba unyanisekile kuThixo,
> Lihle liyakhanya ikhaya lakho eBuqaqawulini,
> Umphefumlo wakho oxhwiliweyo uyakulibona!
>
> Kutheni ungabambeleli kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
> Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

146 Indawo ezininzi ndizibonile, phantse ngokusondele kumashumi amathathu ananye eminyaka emveni kwedesika. Ndiye ndabona izinto ezimbi; ndiye ndabona izinto ezizukileyo. Eyona nto imbi endakhe ndayibona ebomini bam . . . Njengoko ndikhe ndabona abantwana abalambayo estratweni; ndibabonile oomama bengqiba ukuba bafumane iqhekeza lesonka. Eyona nto imbi endakhe ndayibona, kukubona indoda, umntu, kwaye ofanele abe ngunyana kaThixo, esifa engemazi uThixo.

147 Ndiyakhumbula umfazi emile emnyango ngobunye ubusuku, weli bandla, wandihleka. Kwaye wathi, “Andiyi kuvumela inkomo yam ibe nolwahlobo lwenkolo onalo!” Ngaphantsi kweyure, ndabizelwa esibhedlela. Umfazi omhle, malunga namashumi amabini anesibini eminyaka ubudala, wayekhala, “Zisani lamshumayeli apha!” WayengumKatolika, ngenkolo.

Xana ndenyukayo, u-sister omdala wathi, “Usemva kwexesha kakhulu, Mzalwana uBranham. Uye wafa malunga nemizuzu emihlanu egqithileyo.”

Ndathi, "Ndingambona na?"

Wathi, "Ukhale efuna wena, kumazwi akhe okugqibela, 'Zisani lamshumayeli, uMzalwana uBranham!'"

Umyeni wakhe wayephaya, ekhwaza, "Menzele umthandazo! Yenza umthandazo!"

Ndathi, "Sekusemva kwexesha kakhulu ngoku."

148 Ndatsalela ikhuselo ezantsi. Wayenamakhulu antsundu amehlo. Umfazi omhle; wayenamabala amancinci anqumleze ubuso bakhe; eneenwele ezingathi zibomvu; enomtsalana kakhulu. Wayebulalekile kakhulu de amabala avela cacileyo ebusweni bakhe njengamaqhakuva. Amehlo akhe ayetyhudisile aphuma kwiindawo zawo, ngoluhlobo. Kwaye, kakade, amathumbu akhe nezintso zisebenzile, ntoleyo ikwi—ikwi . . . Wonke ubani uyakwenza okuya njengoko besifa, maxesha amaninzi. Kwaye nankuya ephaya, elele kula meko, umlomo wakhe uvuliwe. Kwaye amashiya akhe apha, ayegqume isiqigatha sendawo emnyama yemehlo lakhe. Andisayi kuyilibala. Laa ngoma yeza engcingeni yam.

> Unganqweneli ubutyebi obungendawo beli
> hlabathi. (Ubuhle, ubunewunewu.)

149 Ndandime ngakwicala lendoda kanye ngaphaya ePort Futon, isifa. Bandibizela ecaleni kwebhedi yayo. Kwaye ndandithandaze kunye nayo apha esiguqweni ngobunye ubusuku. Yabeka ingalo yayo kumfazi. Ndathi, "Susa ingalo yakho kwela nenekazi."

Yathi, "Ndilikhokelela kuThixo."

150 Ndathi, "Hayi ingalo yakho ijikele kuye." Andikholelwa kwinto efana naleya. Yaba nomsindo ngakum. Yaphuma ngomnyango.

Ndaya kuyo, ethubeni kamva, xana yayisifa. Yandijonga ebusweni, yathi, "Musa ukundithandazela, Mzalwana uBill. Ndilahlekile. Ndimkile." Ndathi, "Konke endakhe ndakuzuza, kube kumkile."

151 Ndema kanye phandle phaya egopheni, intwanana ukusuka apha, ngenye imini, kwindoda eyandibizela ecaleni kwebhedi yayo xana yayisifa. Yathi, "Bendisoloko ndifuna *nje-na-nje* na nje." Yathi, "Kodwa andizange ndayikhonza iNkosi. Amatyeli amaninzi endawagcinayo ukungayi esiguqweni." Yathi, "Mzalwana uBranham, thandaza ukuba uThixo enze intombi yam encinci ingxengxeze ngezinto endithe ndazenza. Mhlawumbi ingenzela iNkosi into ethile."

152 Ndathi, "Oko akunakwenzeka, mzalwana. Izinto obufanele uzenzile zilahlekile." Hum!

153 Ndema ngakwindoda, ndiyibona isilwa amademoni kangangamashumi amabini anesine eeyure. Yathi amademoni ayemi ecaleni kwebhedi yayo kunye namatyathanga ezintanyeni

zawo. Yathi, "Ungawavumeli andifumane!" Yakhala; ndayibamba ebhedini. Yathi, "Naliya limile. Akulibona? Liza kum." Yayimlahlile uThixo, ithuba elide. Wayenoovimba abakhulu bezele yingca eyomileyo, bezele yingqolowa, amahashe amahle omdyarho. Ngonyaka phambi kokuya, waqalekisa uThixo ebusweni Bakhe, waqhwaba umfazi wakhe ngokuza emnqubeni. Uyayazi yintoni eyenzekayo? Umbane wabetha ifama yakhe, waza wabulala amahashe akhe, watshisa ingca yakhe esikiweyo. Yaza indoda yafa kuhlobo oluthile lwesiqalekiso, isilwa amademoni angazi kuyo.

154 Kwaye umhlobo wam omdala (uzuko!) emile ngaphaya, weza ekupheleni kwendlela. Ndathi, "Ingaba uyahamba, tata?"

Wathi, "Yiyo le, Billy."

Ndathi, "Injani?"

155 Wathi, "Konke kuhle." Wathi, "Zisa abantwana bam ecaleni lebhedi." Yabeka izandla zayo ezityhafileyo phezu kwakhe ngamnye wabantwana bakhe yaze yabasikelela. Yaxelela oonyana bayo ababini, yathi, "Phakamisani izandla zam, ziphakamiseleni phezulu, njengoYoshuwa noKalebhu benzayo." Samangaliswa yayizakuthini. Yathi:

> Usuku lolonwabo, usuku lolonwabo,
> Kusukela uYesu wazisusayo izono zam!
> Wandifundisa ukulinda ndithandaze,
> Ndiphile ngovuyo yonke imihla.

Sinazo ezinye zezo zinto zokuza kuzo, zihlobo! Akukho namnye kuphela ukunqwenela ukutya okulungileyo, ukuqhuba imoto entle, ukuba nokona kungcono esinokuba nakho. Andimbeki tyala. Konke kulungile. UThixo ufuna ubenako okuya, kodwa:

> Unganqweneli ubutyebi obungendawo beli hlabathi,
> Obubola ngokukhawuleza kangako,
> Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
> Azisayi kudlula!

Masiphakamiseni izandla zethu ngoku ngelixa sicula.

> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!
> Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
> Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

156 Ngelixa simile, masijike nje size sixhawule izandla kunye nomnye umntu ngoku. Sizakuqhubekeka, inkonzo, nje umzuzu. Kodwa ndifuna ujike ngelixa sicula omnye umqolo walangoma.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

Yenze, bawo! Yenze, tata! kuThixo! Yenze, mncinci! Yenze, mzalwana! Yenze, mzalwana!

Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqukiyo!

157 Ingaba anivuyi na ngaYe? Yithini "Amen!" [IBandla lithi, "Amen!"—Mhl.] Bonke abo baMthandayo, yithini, "Mayibongwe iNkosi." ["Mayibongwe iNkosi!"] Bonke abo abakholwayo ukuba niya kulaMzi umbombo ne, phakamisani isandla senu. (Sigcineni, nje umzuzu, kunye nengoma yakho.)

Ndibophelekile kulaMzi mhle, (Kuhamba njani ngoku okuya?)
INkosi ewulungiselele abaYo;
Apho abakhululwa bazo zonke izigaba
Bahlabelela "Uzuko!" begqonge iTrone eMhlophe;
Ngamanye amaxesha ndikhumbula ikhaya iZulu,
Kwakunye nuzuko endiyakulubona:
Olunjani uvuyo eliyakuba lulo, xana ndibona uMsindisi wam,
Kweso Sixeko sihle segolide.

Ingaba anikuthandi na okuya?

Ndibophelelekile kulaMzi mhle,
INkosi ewulungiselele AbangabaYo;
Apho abakhululwa bazo zonke izigaba
Bayakuhlabelela "Uzuko" bengqonge iTrone eMhlophe;
Owu, ngamanye amaxesha ndikhumbula ikhaya iZulu,
Kwakunye novuyo endiyakulubona:
Olunjani uvuyo eliyakuba lulo, xana ndibona uMsindisi wam,
Kweso Sixeko sihle segolide.

NiyaMthanda? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko:

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liyakukunika uvuyo nentuthuzelo,
Lithabathe nokuba uyaphi na.

Gama elihle, (Gama elihle!) Owu limandi kanjani! (Owu limnandi kanjani!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;

Gama elihle, (Gama elihle!) Owu limnandi kanjani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Ngoku, ningalibali kusasa ngeCawa ezayo, ngecala yelesithoba. Kwaye emva koko siyakuzama, ukuba iNkosi ithandile, sigqibe ngexesha, sibe nomthandazo wabagulayo, kwiCawa elandelayo kusasa ngamashumi amathathu eyelesithoba.

EGameni likaYesu ndiyathoba,
Ndisiwa ngobuso ezinyaweni zaKhe,
UKumkani wookumkani eZulwini siyakuMthwesa isithsaba,
Xa uhambo lwethu lugqibekile.

Gama elihle, (Gama elihle!) Owu linjani ukuba mnandi! (Owu linjani ukuba mnandi!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama elihle, (Gama elihle!) Owu linjani ukuba mnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Phulaphulani nje kulomqolo:

EGameni likaYesu ndiyathoba,
NjengeKhaka kuso sonke isabatha;
Xa izilingo zikungqonga,
Phefumla nje ela Gama liNgcwele emthandazweni. (Oko kuyakuyenza!)

Gama Elihle, (Gama Elihle!) Owu limnandi kanjani! (Owu limandini kanjani!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama elihle, (Gama elihle) Owu limnandi kanjani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Ngoku ndinikeza inkonzo kumalusi, uMzalwana uNeville, ukuba abe namazwi akhe okuvala nantoni anokuyitsho.

*Isizathu Esintlantlu-ntandathu Sotyelelo lukaGabhriyeli kuDaniyeli* XHO61-0730E
(The Sixfold Purpose Of Gabriel's Visit To Daniel)
uthotho Lweeveki Ezingamashumi Asixhenxe ZikaDaniyeli

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa ngokuhlwa, ngoJulayi wama-30, 1961, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2022 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

